# AMAHEBHERE, ISAHLUKO SESINE

...kukwazi ngakumbi malunga nesikelelekileyo iNkosi yethu. Kwaye leyo yeyethu—yeyethu injongo yokuhlanganela apha, yeyalonjongo, kunye, ngoku, nokukuthandazela abantwana bakaThixo abagulayo. Kwaye ngale ntsasa sibe ne—nesikelelekileyo intsikelelo ephuma eZibhalweni.

2 Sizama ukuthabatha, xesha ngalinye lenkonzo, intwana ye...Ndifundisa eNcwadini yamaHebhere, bendisenza, iqela leziphelileyo iiveki ngoku. Kwaye ngoku, ukuba iNkosi ithandile, siyakuqhubekeka ngoLwesithathu ebusuku, emva koko kusasa ngeCawa kunye nasebusuku ngeCawa, ukuqhubeka, okoko kusafuneka ndibelapha ngeli xesha. Hayi imvuselelo, kodwa iyimvuselelo, umhlangano ngexesha lethu lesiqhelo lasebusuku. Kwaye ke sivuya kakhulu, kakhulu ukuba neli xesha lokudibana nezethu ezilungileyo izihlobo jikelele malunga nezi zixeko, najikelele malunga neZixeko zeFalls apha. Kwaye ukuba—ukuba kwenzekile sibe nokuchitha umhlangano okanye into ethile, ingenzeka okokuba iNkosi ingasikhokelela, kwamsinyanana, kwi...mhlawumbi singabanobusuku obumbalwa, mhlawumbi, ejimini okanye into ethile, emva kwethuba, ukuba iNkosi ikhangeleka ikhokelela ngala ndlela, kwindawo apho sinokuhlanganisa abantu bethu kunye.

Kwaye sibone abantu njengoko besinyuka, bebuyela emva, besithi, "Bekungekho ndawo yo—yokungena." Kakade, umnquba mncinci kakubi. Uhlalisa nje ngenene, ngenene abambalwa abantu, kwaye sivuya kakhulu ngokuba nivuma ukuphuma nize nihlale ebushushwini, ukuba nive iLizwi leNkosi. Kwaye siyathandaza ukuba uThixo uyakunisikelele ngokugqithileyo, nangokukhulu kwaye anincede.

3 Kwaye ngoku, ngobu busuku, sifuna, siyaqalisa kwese-4 isahl-...Bangaphi ababelapha ngale ntsasa? Masiboneni izandla zenu. Owu, kuyamangalisa oko, ngokwenene nonke. Kwaye siyaqhubeka, ukuqalisa, isahluko sesi-4 seNcwadi yamaHebhere. Owu, enjani ukumangalisa iNcwadi! Ingaba niyaYonwabela? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kwaye kukuthelekisa iSibhalo ngeSibhalo.

4 Kwaye uPawulos, phambi kokuba wakhe wangqina kumava akhe, kuqala kwafuneka ahle aye e-Arabhiya aze afumanise, ngeLizwi ukuba yayiyiNyaniso na. Ndiyakuthanda okuya.

Kwaye isifundo sale ntsasa, siyafumanisa, emfundisweni yale ntsasa, ukuba uKristu ube enguye izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye uPawulos wafumanisa ukuba iNtsika yoMlilo eyakhokela abantwana bakaSirayeli, yahlangana naye endleleni eya eDamasko. Siyafumanisa ukuba iNtsika yoMlilo, eyathi, yakhokelela abantwana bakaSirayeli ukubakhupha entlango, ukubasa kwilizwe lesithembiso, yahlangana noPawulos endleleni eya eDamasko, kwaye Yazibiza, "Yesu."

5 Emva koko siyafumanisa obona benene ubuThixo bukaYesu Kristu. INcwadi iyonke apha ikukutyhilwa nje kukaYesu Kristu. Kwaye Weza, siyafumanisa ukuba, "Kumaxesha akudala nangeendlela ezahlukeneyo, uThixo wathetha koobawo ngabo abaprofeti; kwimihla yokugqibela ngoNyana Wakhe, uKristu Yesu, Uye wazityhila Yena." Kwaye iNcwadi ukusuka kwiGenesis ukuya kwiSityhilelo asiyonto kuphela esithe mbende, esingapheliyo, isityhilelo seNkosi uYesu.

6 Kwaye siyafumanisa ukuba Waye enguLowo owayesetyholweni eluvuthayo. Siyafumanisa ukuba Waye enguLowo owayekunye noThixo phambi kokusekwa kwehlabathi. Kwaye siyafumanisa ukuba, kwiTestamente Entsha, Waye enguThixo kunye noMntu, ngokudibeneyo. Kwaye ngoko xana Washiya iTestamente Entsha ukuya eZulwini, Wathi, "Ndiphuma kuThixo, kwaye ndibuyela kuThixo."

7 Kwaye emva koko xana uPawulos wahlangana naYe, Wayekwisimo esikwasinye Awayesiso xana Wakhokela uSirayeli, iNtsika yoMlilo. Kwaye uPawulos wamjonga Yena kanye ebusweni, ekubeni engaguqukanga, kwaye kwambangela waba nengxaki yamehlo yonke imihla yakhe. Wabayimfama, kwaye iqela leentsuku wayengenakho ukubona kwa nto. Kwafuneka akhokelelwe kwistrato esibizwa Tye.

8 Waye uThixo enomprofeti ezantsi phaya Awathetha kuye, ogama lingu Hananiya, owangenayo, ngombono, waza wabeka izandla zakhe kuPawulos, wathi, "Mzalwana uSawule, yamkela ukubona kwakho."

9 Kwaye siyafumanisa, ngoko, ukuba la Moya uyiNgcwele ukwamnye, la Nkosi uYesu ikwanye, yeza kuPetros kwimo yokuKhanya yaza yamhlangula entolongweni.

10 Kwaye siyafumanisa ukuba la Nkosi uYesu ikwanye, kule mihla, isekulaNtsika yoMlilo (ukuKhanya) ekhokela abantu Bayo (iBandla Layo), isenza into ekwanye, inikeza imibono; ngena beka izandla ebantwini, ngombono. INkosi uYesu, Eyahlangana ngentsasa yeCawa edlulileyo endlwini, yaza yathi, bekukho indoda ezayo, entloko-imnyama, isiba ngwevu. YayingumGrike. Umfazi wayo wayekwisiqingatha sobudala kwaye uyakube elila esiguqweni.

11 Abanye babo babeyixelile, kwaye besazi ukuba yayisenzeka. Yayingokubini ikhubazeke umzimba, i—imithambo luvo

yokuxhathisa entlokweni yayo yayiphelile. Yayingenakho kwa nokulawula iinyawo zayo okanye amalungu omzimba. Kwaye yayiyimfama. Kwaye ukuyenza iphinda-phindwe ukuqondakaliswa: Ndaba nenekazi elincinci lokuza kuthandazela abagulayo, kuqala, emva koko ndaphethuka ndaza ndaba noMzalwana uThom ukuba eze kuthandaza. Kwaye thina, sihleli apha, siyibukele ivela. Kwaze emva koko ndehla ndaza ndathandazela abagulayo, ndabuyela emva. Kwaye umfazi waza, kanye ngqo ngokombono, waza wandibamba ngengalo waza waqalisa ukuntywizisa, wathi uGqr. Ackerman ubathumele apha. UGqr. Ackerman sisihlobo sam esisenyongweni, umKatolika. Inkwenkwe yakhe ngumpristi kumzi woonongendi e—eSaint Meinrad, nasezantsi e-Indiana. Kwaye le ndoda yayisuka eJasper. Kwaye iNkosi yamphilisa, ukusuka kwesasitulo. Yaphakama yaza yahamba. Yaba nakho ukubona kakuhle njengaye nabani ongomnye. Yaza yahamba yaphuma esakhiweni, umzimba usebenza kakuhle kwaye iphilile. Konke ngombono!

12 "Mzalwana uSawule, iNkosi uYesu ethe yabonakala kuwe endleleni, indithumele ukuba ndibenokubeka izandla zam kuwe, ukuze ubenakho ukwamkela ukubona kwakho uze uzaliswe nguMoya oyiNgcwele." Iyamangalisa.

13 "Emva koko siyafumanisa, ekubeni sinalo olu sindiso lukhulu, asifanele . . . Asinakusinda kwizohlwayo nomsindo kaThixo, ukuba sihilizela engako intsindiso."

14 Ngoku sizakuqalisa ukufunda, ngobu busuku, okuphuma, kwaye siqalise isahluko sesi-4 seNcwadi yamaHebhere. Ukuba nawuphi ubani ufuna ukulandela, sinazo ezithile iiBhayibhile apha. Ukuba bayayifuna, ngoba, omnye wabancedisi uyakuyizisa kuwe, ukuba uphakamisa isandla sakho, ezi—ezi Bhayibhile. Ukuba omnye wabazalwana apha uyakuthabatha . . . Kukho ezimbini iiBhayibhile ezilele phaya, ndiyakholwa.

15 Kwaye ngoku siyakukhawulezisa, ngokuba sinomthendeleko emva kwakancikana. Kwaye apho sigqiba khona ngobu busuku, ngoLwesithathu siyaqalisa kwakhona. Ngoku, ndiyakholwa, ngale ntsasa ekufundeni kwethu, siqalisa kumqolo we-15.

16 Umntu othile, mhlawumbi engandazi mna ndifaka iiglasi zamehlo, ukufunda ngazo. Ndiba mdala. Kwaye ndisenakho ukufunda, kodwa andikwazi kukhawulezisa, ingakumbi xana ndinemibhalo emincinci apha, okubhalwe kancinci.

17 Kwaye ndaya kuba novavanyo lwamehlo, ukuze ndibone ukuba ngenene ndandiphulukana nokubona kwam. Amehlo am ayelishumi-kwishumi. Wathi, "Kodwa ugqithile kumashumi amane, nyana." Wayenento yokuba ndiyifunde, wathi, "Qalisa ukufunda okuya." Ndayifunda. Kwaye ndaqhubeka ndisondela, yacotha ngokucotha. Kwaye yaba malunga ngokufana *noku*,

ndayeka. Emva koko wabeka phaya ishumi-kwishumi, ndandinakho ukuyifunda naphina. Kodwa wathi, "Yintoni, xana ugqitha amashumi amane, ingqakumba zamehlo akho ziba sicaba."

18 Ngoku, ndingafifithekisa amehlo am ndize ndifunde nje *okuya* kusondele kum, kodwa kufuneka ufifithekise. Ke, wandenzela nje ipere yeeglasi zamehlo. Ndiyakwazi ukuwabona, naphina, xana esondele kakhulu kum. Ngoku, xana ebhekele kum, andinakho ukuwabona konke konke ngazo ezi zinto. Kodwa ndiyawafunda, ndifunda koku ngeeglasi zamehlo.

19 Ngoku, ngale ntsasa, sibe nendawo yokugqibela yesahluko sesi-3 samaHebhere. Kwaye, owu, ezinjani ukutyeba iipete esizifumanayo! Ngoku phulaphulani, ndifuna ukufunda kwakhona, ukuze sifumane imvelaphi ngoku. Hayi ukuthetha kuyo, kodwa nje uhlobo lokudlula ngaphaya kwayo kancinci.

> *Ekubeni kusithiwa, Namhla ukuba* nithe. . .*naliva ilizwi lakhe, musani ukuzenza lukhuni iintliziyo zenu njengasengcaphukisweni.*
>
> *Kuba abanye*, bona, baliva iLizwi, *xana balivayo* iLizwi, *bacaphukisa: phofu ingengabo bonke abo baphumayo eYiphutha ngoMoses.*

20 Ngoku, kokuya, ngale ntsasa, sifumanisa ukuba Wathi, "Musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu ngoku, njengakwimihla yengcaphukiso." Koko kuxana bacaphukisa uThixo kumsindo, ngokuba Wayebanike uMoses, umprofeti Wakhe, kunye nomqondiso owawukuMoses. Bangaphi, beklasi ngobu busuku, abayaziyo okokuba wawuyintoni la mqondiso? INtsika yoMlilo, amaHebhere 13.

21 Ngoku, asiyazi nokuba ibandla lawubona lamqondiso okanye hayi. Kodwa uMoses waYibona, kuba uMoses kuqala wahlangana naYe kwityholo elivuthayo. Waye enguMlilo. Kwaye abantwana bakaSirayeli bathobela uMoses, baza bayishiya iYiphutha. Kwaye kwamsinya nje baphumayo eYiphutha, uThixo, siyafumanisa, wabakhokelela ngqo emgibeni. Apho, umkhosi kaFaro emva kwabo, uLwandle oluBomvu macala, kwaye uThixo wababeka kuvavanyo; baza boyika. Kwaye yamcaphukisa uThixo. Wathi, "Kutheni ukhala kuM?" Wathi, "Thetha nje uze uye phambili." Ndiyakuthanda okuya.

22 Ngoku, babelandela uMoses, njengoko uMoses walandela iNtsika neLifu, kwaye babesendleleni yabo eya kwilizwe lesithembiso. Umfanekiso omhle weBandla, ngobu busuku, kwindlela yethu eya kwiLizwe lesithembiso, sikhokelwa nguMoya omnye, imiqondiso ekwaminye nezimanga njengoko uThixo wayithethayo.

23 Ngoku qaphela. Ngoko, bezakwiNtlango yeSono. A—amanzi aye "krakra," *Marah*. Kwakutheni uThixo ebakhokelela kumanzi akrakra? Kukhangeleka ngathi Wayeyakubakhokelela

kumanzi amnandi. Kodwa Wabakhokelela kumanzi akrakra ukuze Avavanye ukholo lwabo. Uyathanda ukuyenza. Uyathanda ukuvumela intshutshiso zize kuwe, abonise ukuba Unakho ukukubonisa uthando Lakhe namandla Akhe. Bangathini abantu, namhlanje, abangakholwayo kuThixo osebenza imimangaliso, xana iintshutshiso zisiza, bayanikezela nje baze baqhubeke? Kodwa thina siyakholwa ukuba "uThixo usebenza imimangaliso." Akanakho . . . UThixo une . . .

24 Phulaphulani koku. Ukuba uThixo akenzi ngohlobo olukwalunye, xana iimeko ezikwanye zivuka, ngoko uThixo unetyala lokuthatha icala ebantwini Bakhe. Ukuzimela geqe kukaThixo kunyanzelisa ukuba Yena asebenze kuyo yonke ingxaki ngohlobo Athe wenza ngayo kwingxaki yakuqala, okanye Ebengalungisanga xana Wenzayo kwingxaki yokuqala. Ukuba uThixo akenzi ngendlela ekwanye Awenza ngayo kwingxaki yokuqala, ukuba Uyakwenza ngokwahlukileyo kwingxaki yesibini, ngonko Wenze ngokungalunganga xana Wenzayo kwingxaki yokuqala. Ukuba uThixo uphilise abagulayo kwiTestamente Endala, kufanele Ayenze kwiTestamente Entsha nanamhlanje, okanye Wenza ngokungalunganga xana Wabaphilisayo emva phaya. Kufanele Enze okukwakunye, lonke ixesha. Kwaye Uyakuyenza, xana ukholo olukwalinye luhlangabezana nemeko. Ityala likuthi, hayi kuThixo. Kuba siyaMbona kwabanye, nakwabaninzi, esebenza emikhulu ebalaseleyo imimangaliso. Siyayazi. Umgxeki akanakuthi, "Ayinjalo." Kuba siYibonile iyibonakalisa, kwaye nantsiya.

25 Babeqhele ukuthi, "Ndibonise ummangaliso." Abanakuphinda bakutsho okuya. Inzululwazi ayinakuphinda iyitsho. Sinakho ngokuqinisekileyo ukubonakalalisa kwihlabathi lenzululwazi . Kwaye ihlabathi lenzululwazi lisingqinile esaSiqu singaphezu kwendalo, kwimo yeNtsika yoMlilo, sikunye nathi. Nanku umfanekiso Wakhe, kanye apha, kwaye omnye ujinga eWashington, DC, ngobu busuku. NguKristu okwamnye.

26 Ngoko ke, njengasethubeni, abazalwana bam abalungiselelayo babeqhele ukundixelela, "Owu, Mzalwana uBranham, lowo ngumtyholi. Sukubhanxa nokuya." Bandoyikisa.

27 Kwaye bendingasayi kuyishumayela wade uThixo weza kwaye wayityhila, okokuba, "Usenguye uYesu okwamnye, Lowo umnye." Owu, emva koko zama ukuyisusa kum? Ayinakwenziwa. Kuba, siSibhalo. LiLizwi likaThixo. Asingomava nje andyengelele. Ngamava angqinelwe liLizwi likaThixo kunye nesithembiso sikaThixo esisikelelekileyo sikaNaphakade.

28 Ngoku, siyaqaphela ngapha, ngoko, ukuba Wathi.

*Kuba abanye, xana bevayo, bacaphukisa: . . .*

Ngokuqinisekileyo. Badinwa, lonke ixesha bafika kwindawo apho amanqama afika. Emva koko yintoni ababeyakuyenza? Babeyakubhabha ndyengelele, baze badinwe, baze bafune ukujika, kwaye, "Kutheni kusenzeka kum *oku*?"

29 Into engaqhelekanga, ngale ntsasa, emveni kokushumayela okuya kalukhuni nje njengokuba ndiye ndabanakho, bebebaninzi abeze esiguqweni baze baYibuza, "Kutheni oku kwenzeka kum?" Uyabona indlela Ehamba ngayo? Idlula kumphezu wentloko zabantu. Iyinto nje ekwanye, bantu.

30 UYesu wathi, "Ninamehlo, kodwa aninakho ukubona." Watsho oko kubafundi.

31 Bathi, "Uyabona, ngoku Uthetha ngokusekuhleni. Ngoku siyakholwa. Akukho mntu ekufuneka Akuxelele nanye into, kuba uThixo uyayibonisa kuWe."

32 Wathi, "Niyakholwa na ngoku, emveni kwalo lonke eli xesha?" Yabona?

33 Akufuneki ubuze nanye into, kuThixo. "Kuba amanyathelo elungisa aqiniswa yiNkosi." Kwaye sonke isilingo sibekwa phezu kwakho, ukuqondakalisa wena. Kwaye iBhayibhile ithe, "Zingaphezulu kunegolide ukuxabiseka kuwe." Ke ukuba uThixo uvumela iinkxwaleko ezikhaphukhaphu zenzeke kuwe, khumbula, zenzelwa ukukulungisa. "Wonke unyana oza kuThixo kufuneka kuqala aqeqeshwe nguThixo, avavanywe, uqeqesho lomntwana." Akukho kukhethwa. "Wonke unyana ozayo." Kwaye ezi nkxwaleko ziyenziwa, ziyeziswa, ukuze kubonwe sesiphi isimo sengqondo oyakusithabatha. Yabona? NguThixo, kulomhlaba wokuqondakaliswa. Kuko konke umhlaba okuko, libala lokuqondakaliswa, kwaye apho Azama ukuqondakalisa wena.

34 Ngoku phulaphula, njengoko sisiya phambili. Kwaye ndifuna ukufumana indawo yokugqibela yayo.

> *Kwaye* wafungela *obani ke ukuba abayi kungena ekuphumleni kwakhe, . . .*

Ngoku, phaya kulapho siya khona, ngobu busuku.

> *. . . ekuphumleni kwakhe, ingengabo abo bangevanga?*
>
> *Ke siyabona ukuba babenganakungena . . . ngenxa yokungakholwa.*

35 Ngoku, yintoni isono? Ukungakholwa. UThixo wayezile kubo, ekwiNtsika yoMlilo; wathumela umprofeti Wakhe, waza wamthambisa, wamnika imiqondiso ukuba ayenze phambi kwabantu. Kwaze emva koko iNtsika yoMlilo, ngomprofeti, yabakhokela ukubakhupha. Yonke imeko abaza kuyo, baqalisa ukukrokra baze batsho lonke igxeke elincinci abalifumanayo kuMoses, baqalisa ukumngxolisa nokumngxolela. Kwaye uThixo wayengakholisekanga, ngokuba Wathi babesona.

36 Kwakufanele baphulaphula. Kodwa, endaweni yoko, baphulaphula ekuzathuzeni, “Ingaba njalo njani? Zingathini ezi zinto ukuba njena?” Ukuba Yena nguThixo, yonke into inakho ukwenzeka. Kwaye Yena uyakwenza zonke izinto zisebenziselane okulungileyo kwabo bamthandayo Yena.

37 Ngoku siya kwisifundo esikhulu apha, esisokuba, ku “Phumlo,” *isabatha*. Ngoku, babengababaphambukeli endleleni yabo. Yabona? Babesezantsi eYiphutha, amakhulu amane eminyaka, ebukhobokeni. Kwaye ngoku babekhutshwa ngemimangaliso kaThixo, ngokwesithembiso Sakhe. Kwaye babesendleni yabo ukuya kwilizwe lesithembiso. Kwaye naku ukuKhanya okungaphezu kwendalo kubonakala, phakathi kwabo, kwaza kwaqalisa ukubakhokela.

38 Ngoku, umntu othile ebeyakuthi, “Ngoku, jonga apha, ngubani lo Moses? Ngubani okwenze umphathi phezu kwethu? Akungomnye wethu? Ngubani okubeke ezantsi apha ukuba ube ngumphathi wethu? Ucinga wazi ngaphezu kunomalusi wethu esenza? Ucinga wazi ngaphezu kunombingeleli? Ucinga u—uhlakaniphile kunento ayiyo amadoda ethu enkolo, awo lomhla?” Oko kwakungenayo kwanto yokwenza nayo.

YayinguThixo, ekwiNtsika yoMlilo, engqinela ukuba Wayekwintshukumo. Kwakungenzi namnye umahluko yayingubani ohlakaniphileyo nokuba ngubani owayengahlakaniphanga. Yayiyimbono yokulandela oko uThixo akubeke phambi kwabo.

39 Kutheni, uMoses, ngokwasenyameni, wenza into engabhadlanga xana wazama ukuhlangula abantwana ngeLizwi likaThixo, wakhupha igquba labantu wabasa entlango. Xana wayene yakhe . . . Kutheni, wayeyindlalifa yento zonke ababenazo. Wayenawo wonke umkhonsi owawukhona, kulo lonke ihlabathi, utywatyushiwe. Kwaye nankuya yena, injengele enkulu yomkhosi. Kwaye intshukumo elandelayo, wayeyakuba ngukumkani, uFaro waseYiphutha. Kutheni, wayenakho nje ukunyukela etroneni, aze athi, “Kulungile, bantwana, buyelani ekhayeni lenu.” Kwayigqiba oko; wayenguFaro. Kodwa uMoses . . .

40 Owu, nantsi. UMoses, ngo*kholo*, wabona isithembiso sikaThixo. Kwaye iNgelosi yeNkosi yeza kuye, kwaye wazi ngakumbi malunga noThixo, kwimizuzu emihlanu eBukhoneni bala Ngelosi, kunoko wakufunda kumashumi amane eminyaka kootitshala baseYiphutha. Wayesazi ukuba yayinguYe. Wayebone okungaphezulu kwendalo kusenziwa.

41 Wathi, “Ndiyakuba nawe, Moses. Ndiyakuhamba phambi kwakho.” Kwaye baqonda. Waza wamnika imiqondiso yokuba ayenze.

42 Ngoku, babesendleleni yabo ukuya kwilizwe lokuphumla. UThixo wabenzela uphumlo, indawo apho

ekwakungazukufuneka ba...abaqhubi phezu kwabo, ukubaqhuba, ukubenza benze izinto.

43 Onjani ukuba mhle umfanekiso namhlanje, xana sijonga ebandleni size sibone ibandla likwimeko yalo. Wonke umntu ozelwe ngoMoya kaThixo ulithiyile ihlabathi, "Kwaye ukuba uyalithanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kwa ukubakhona kuwe." Yilonto iBhayibhile eyithethileyo. Kwaye umphambukeli wenene, endleleni yakhe, ngokuphandle uzithiyile izinto zehlabathi. Ukuthiyile ukubona amadoda esela. Ukuthiyile ukubona amadoda etshaya. Ukuthiyile ukubona abafazi estratweni, benxibe zona ezo mpahla zincinci zimdaka. Ukuthiyile ukubona umdlalo wamadayisi kunye nemigidi yamakhasi.

44 Kwaye izolo, ngelixesha uMzalwana uTony...okanye uMzalwana uWood kunye nam besisiza ngestrato, nabanye abangaphezulu, amanye amadoda...Bekukho inenekazi elincinci phaya eLouisville, lisiza ukwehla ngestrato, othandekayo ukujongeka umfazi omcinci, kunye neempahla kokuya kwakukubi kakhulu; nje indlela encinci ukunyuka kwehleze, kunye nesiqwenga selaphu elincinci elibomvu ehlezeni lakhe, kwicala ngalinye, kunye nentwanana encinci esisangqa sentwana yelaphu kumphambili wakhe, waza walibopha ngegqesha ngasemva. Esihla ngestrato, embi kakhulu, kwaye yonke indoda estratweni ijonge kuye. Ndathi, "Akaqondi ukuba unetyala, emehlweni kaThixo, ngokukrexeza nayo yonke indoda ejonge kuye ngolwa hlobo. Kwaye uyakuphendula kumhla womgwebo ngokukrexeza kunye nala madoda."

45 Wathi uYesu, "Nabani othi ajonge umfazi ukuba amkhanuke, usele emkrexezile." Injalo lonto.

46 Ke, uyabona, UMzalwana uWood wathi kum, "Uthi yintoni ebangela okuya, Mzalwana uBranham?"

47 Ndathi, "Ingabe kukusilela kwengqondo okanye ukungenwa lidemoni." Kukho kuphela izinto ezimbini zokuyenza. Ohloniphekileyo, ococekileyo umfazi akasayi kunxiba eza zinto; ngaphandleni kokuba ungenwe lidemoni. Leyo yiNyaniso ngqo.

48 Ngoku, umphambukeli osendleni yakhe ukuya eZulwini, uphila kummango owahlukileyo. Akunangxaki naye ejonge kuye. Uyakujika intloko yakhe ukuba unoThixo entliziyweni yakhe, kuba uphila kwisimo somoya esizizigidi zeemayile ukusuka kwezo zinto. Injalo lonto. Akufuni kubanatyala ngezo zinto, emgwebini. Ke ujika intloko yakhe aze athi, "Thixo, yiba nenceba kumfazi," aze aqhubeke ehamba. Siseluhambeni lwethu. Sisendleleni yethu ukuya kwiLizwe iKanana. Sisendleleni yethu ukuya kweliya linguNaphakade nolunoyolo uPhumlo athe wasinika lona uThixo. Kwaye

endleleni, siyalingwa. Siyalingwa ngazo zonke iintlobo zezinto, kodwa noko silingwa singoni.

49 Ngoku qaphelani, njengoko sisiya kwisahluko sesi-4, "Masoyike ngoko."

> *Masoyike ngoko, hleze, kuthi ekubeni kusasele idinga lokungena ekuphumleni kwakhe,. . .*

50 Ndifuna nikhumbule, okokuba, ngaphandleni siyafumanisa, ngaphandleni uThixo uyityhilile kuthi! Akukhathaliseki siya kangakanani ecaweni, oko akunanto yakwenza nayo. UThixo kufuneka eze ngesityhilelo aze azityhile Yena kuthi, oko kukhupha zonke izinto zehlabathi. "Ngoku, ngelixa kuthiwa, 'Namhla ukuba ni . . .'"

51 Ngoku masiqaliseni i—isahluko sesi-4.

> *Masoyike ngoko, hleze, kuthi ekubeni kusasele idinga lokugena ekuphumleni kwakhe,. . .*

52 Ngoku khumbulani, xana babesendleni ukuya kuPhumlo, iNtsika yoMlilo yabakhokela. Ngoku sifuna ukufumanisa, "Luyintoni olu Phumlo?"

> *Maso . . .yike, hleze, kuthi ekubeni kusasasele idinga lokungena ekuphumleni kwakhe,* (qaphela), *kubekho bani kuni ungathi asilele kulo.*

53 Ngoku, apha sisithembiso. Apha koko kufuneka sikoyike: ukuba akukho sithembiso sishiyelwe thina. Kodwa kukho isithembiso! Kwaye ngoko, into elandelayo, sukusilela kuso.

54 Ngoku, ingcinga yile, ukuba sisendleleni yethu eya kuPhumlo, yintoni uPhumlo? Luphi apho lukhoyo? Ingaba kukujoyina ibandla? Ingaba kukubhaptizwa ngendlela ethile? Ingaba kukuba lilungu lebandla elikhulu kakhulu esixekweni? Ukunxiba iimpahla ezingcono? Ingaba yimfundo? Ingaba yimali, ukuze sibenakho ukuyeka emsebenzini size singqengqe nje phantsi, siphumle uphumlo lobomi bethu, njengoko silubiza? Olo asilulo.

55 Phulaphulani oko iBhayibhile ithi lulo, nendlela esilufumana ngalo.

> *Masoyike ngoko, hleze, kuthi ekubeni kusasele idinga* lokungena *ekuphumleni kwakhe, kubekho bani kuni ungathi asilele.*
>
> *Kuba siyishunyayeziwe* (umhla ngoko)*, ivangeli kwanjengabo:. . .*

Yintoni iVangeli? Iindaba ezilungileyo. Iindaba ezilungileyo zeza kubo eYiphutha, zokuba, "UThixo uthumele umkhululi, kwaye Uzakusikhupha aze asise kwilizwe lesithembiso."

56 Iindaba ezilungileyo kuthi ngoku, zokuba, "UThixo uthumele uMkhululi, uMoya oyiNgcwele, kwaye sisendleleni yethu ukuya kwiLizwe lesithembiso." Ngoku abantu bayenze

imvumo nkolo namahlelo, kodwa uThixo usahleli, okokuba, *uPhumlo* lwethu ngu "uMoya oyiNgcwele."

57 Qaphela.

> . . . *ivangeli yayishunyayelwe . . . kubo* nakuthi: *kodwa ilizwi lodaba alibancedanga,* i . . .

Khumbulani:

> . . . *ilizwi lodaba alibancedanga, lingakhange lidityaniswe nokholo kwabo balivayo.*

58 Owu, bazalwana bam, mandime apha okomzuzu. Akukhathaliseki lishunyayelwa kangakanani iLizwi, uyithanda kangakanani indlela eLishunyayelwa ngalo; ngaphandle wena buqu ulidlelane naLo, aLisokuze likwenzele nentwana encinci elungileyo.

> . . . *lingadityaniswanga nokholo kwabo balivayo.*

59 Bayibona imimangaliso kaMoses. Bathi, "Kuhlana oko." Baze begqitha. Ba—bambona esenza imimangaliso. Kwaye bayibona iNtsika yoMlilo, mhlawumbi, okanye babeva bona bethetha ngaYo. "Owu, konke okuya kulungile."

60 Kodwa yayingadityaniswanga nokholo lomntu buqu. Kuba kwamsinya bafika entlango, ba (bonke ngamnye) baqalisa ukukrokra. Kwaye uThixo wathi, "Ngokuba bethandabuzile, yayisisono." Musa ukuthandabuza kwanto. Kholwa. Musa ukuthandabuza, akukhathaliseki inzima kangakanani ingxaki, kholwa liLo.

61 Ngoku baqalisa ukukrokra, waze uThixo wababhukuqa. Kwaye ngoko Wafunga, emsindweni Wakhe, okokuba, "Abasayi kungena ekuPhumleni Kwakhe." Kwaye iBhayibhile yathi apha, ndiyakholwa Ikwi—isahluko sesi-3, okokuba, "Izidumbu zabo zawayo entlango."

62 Isahluko sesi-3 kunye nomqolo we-17.

> *Kodwa yayingobani na ke awakruquka ngabo iminyaka emashumi mane? yabingengabo na abo bonayo, bazidumbu zawayo entlango?*

63 Kwaye kubo bonke abo baphumayo eYiphutha, kuphela isibini saya kungena kwilizwe lesithembiso. Kwihlabathi likanogumbe, kwimihla eyagqithayo, kwabakho imiphefumlo esibhozo eyasindiswayo, kwizigidi zezigidi. "Limxinwa isango kwaye icuthene nendlela, kwaye bambalwa abayakulifumana."

64 Abanye abantu bathi, "Ngoko, Mzalwana uBranham, malunga naphi nawo onke lamawaka ethe iBhayibhile ayakuvela phaya?"

Khumbulani nje bangaphi abafileyo kuso ngasinye isizukulwana, ababengamaKristu, ukuhla ngesigaba. Bonke bayakuvuka. Oko kwenza uMzimba. Nilindele kuyakubakho ikhulu lewaka lezigidi kule Melika, iphumayo, okanye okunye

okuthile, eli hlabathi namhlanje. Kungangabikho amashumi amahlanu abaphumayo. Kodwa elikhulu elihlawulelweyo iBandla lilele eluthulini, lilindile. Bangamatye okuhombisa kaThixo aphumle eluthulini. Kodwa imiphefumlo yabo iphantsi kwesibingelelo sikaThixo. Abakho kwisimo sabo esilungileyo. Basemzimbeni, ngokunyanisileyo, kodwa umzimba welizwi. Kwaye bayakhala kuThixo, "Koda kube nini?" Babenakho ukubonana, kodwa babengenakho ukuxhawula isandla omnye nesomnye, olwahlobo lomzimba.

65 Udibana nomama wakho eLuzukweni ngobu busuku, ukuba ungahamba, ubungenakho ukuxhawula isandla sakhe kuba akanalo olwahlobo lesandla. Ubungenakho ukusiva ngokuchukumisa njengohlobo ubuya kuva ngokuchukumisa ngoku. Ngokuba, izimvo ezintlanu zezo zibekwe kulo mzimba, zinokuwulawula. Ubukhona bakhe bebuyakuviwa kwisimo somoya esahlukileyo.

66 Oko kufana nendoda nomfazi. Akusayi kubakho mtshato, okanye ukutshatisa, eZulwini. Kutheni? Ngokuba kukho uhlobo olwahlukileyo lothando. Akukho nkanuko yasondo. Zonke ezo zinto zigqithile. Ucociwe kwaye unyulu.

Kodwa akuzange waphila koba bume, ngoko ke wawungadalelwanga oba bume. Ulindile nje phaya. Kodwa ulangazelela ukubuyela emva apho wawudalelwe ukuba yindoda kunye nomfazi, kwaye phaya uThixo uyakuwuvusa lamzimba eluthulini lomhlaba aze awuzukise. Emva koko uyakubona, ungcamle, uve ngokuchukumisa, ujoje kwaye uve, kwaye uzibandakanye. Asisayi kwazi . . .

Besingasokuze sonwabele ubomi beNgelosi. Asikhange sidalwe sibe ziiNgelosi. UThixo wadala iiNgelosi. Kodwa Wadala wena nam, amadoda nabafazi. Leyo yimeko esiyakuba kuyo, ngonaphakade, eKuzeni Kwakhe okusikelelekileyo.

67 Ngoku, jonga indlela abasilela ngayo, ngokuba bonile baze basilela eluzukweni. UThixo wababonisa iNtsika yoMlilo. Wababonisa imiqondiso nezimanga. Wabakhokela wabakhupha. Wabazisa ekulingweni, ukuba abavavanye kwaye abaqondakalise.

68 Ngoku, anibanga neqela lezilingo? Musani ukukhalaza malunga nazo. Vuyani. UThixo unani. Yena uzama ukuqondakalisa ukholo lwenu. Khangelani kuYobhi kwiTestamente Endala, xana Wathi, "Ingaba umgqalile na umkhonzi waM uYobhi, indoda elilungisa, indoda egqibeleleyo? Akukho namnye onjengaye emhlabeni."

69 "Owu," wathi, "ngokuqinisekileyo, Umbiyele: akanazo naziphi iingxaki, akanazo naziphi iinkathazo. Akanayo nayiphi imithwalo yemali, yonke into ilungile. Akanakugula, akanantlungu. Ndinike yena. Ndiyakumenza akuqalekise Wena, ebusweni Bakho."

70 Wathi, "Usesandleni sakho, kodwa ungabuthabathi ubomi bakhe."

71 Owu! Wenze yonke into kuphela ukuthabatha ubomi bakhe, kodwa wayengenakho ukumshukumisa uYobhi. uYobhi wayesazi wayeme bhungxe eLizwini. Injalo lonto. Kwaye onke amademoni aphuma esihogweni ayengenakho ukumshukumisa, kuba wayesazi wayenikele ngela dini. Wayelilungisa. Kwaye bamtyhola yena, bathi, "Wonile, Yobhi, kwaye uThixo uyakohlwaya." Wayesazi ukuba uThixo wayenga . . . okokuba wayengonanga phambi koThixo. Wayesazi ukuba wayelilungisa. Hayi ngokuba wayeyindoda elungileyo, kodwa ngokuba wayesamkela idini elitshisiweyo endaweni yakhe.

72 Kwaye, ngobu busuku, siyayazi ukuba ubomi bakhe baqondakalisa phandle ukuba wayelilungisa. Kwaye xana wena . . . Hayi ukuzama ukufika ekhaya eLuzukweni ngokuba uzama ukunceda ummelwana wakho; kulungile oko. Hayi kuba ujoyine ibandla; kulungile oko. Kodwa uya ekhaya eLuzukweni ngokuba wamkele ubulungisa bukaYesu Kristu, akukho nto uyenzileyo ngokunokwakho.

73 Ngoku, njengoko sifunda.

> *Kuba siyishunyayeziwe ivangeli,* . . . (umqolo wesi-2) . . . *kwanjengakubo: kodwa ilizwi lodaba alibancedanga, lingakhange lidityaniswe nokholo kubo abo balivayo.*

Ukholo lwalungekho kubo abathi baliva iLizwi.

74 Cinga nje, namhlanje, koluncinci, oluthobekileyo ulungiselelo ethe iNkosi yandinika lona, kufanele kukho amashumi amane ezigidi zamaMelika asindisiweyo, ngobu busuku. Niyayazi bathini? "Kutheni, lufundo lwengqondo. Ungumfundi wengqondo. Akukho nto injalo! Kutheni, akangowebandla lethu." Yabona? Asiyo . . . akukhathaliseki kukangakanani uyibeka eLizwini uze uyiqondakalise ukuba iliLizwi likaThixo, sisithembiso sikaThixo, kukangakanani inzululwazi eyakuqondakalisa ukuba Liyinyaniso, bayakuqhubeka bengakholwa. IBhayibhile yathi babengenakho.

75 Bathi, "Ngoko kunceda ntoni ukushumayela Lona?" UThixo kufanele abe nengqina, ukohlwaya bona, ngalaMhla. ILizwi lalishunyayelwe laze laqondakaliswa phakathi kwabo, kwaye futhi bemka bengakhathali. Akukho nto ishiyekileyo kuphela ngumgwebo. UThixo wayengenakugweba isizwe ngobulungisa—ngobulungisa ngaphandleni iye yaba nenceba ngaphambi kokuba ibe nomgwebo. Yena nguThixo. Akanakuyenza yona.

76 Ngoku yintoni esiyitshoyo?

> *Kuba thina sa . . . kholwayo* sangena *ekuphumleni, njengoko athe, Njengoko ndafungayo ndinengqumbo,*

> *ukuba bokha bangene ekuphumleni kwam: nakubeni imisebenzi yayigqityiwe kusukela ekusekweni kwehlabathi.*
>
> *Kuba wakha wathetha kwindawo ethile* ngawo—ngawo *umhla wesixhenxe ukuthi*, . . .

77 Ngoku, andifuni kuvisa buhlungu imvakalelo zabantu, ngokuchasene nenkolo yabo. Leyo asiyonjongo yam. Ngaphandle emadlelweni, ndishumayela nje okuqhelekileyo, okukhulu ukuvangela, imfundiso engqongqo. Kodwa emnqubeni, phakathi kwabantwana bam apha, ndiziva ndinelungelo lokushumayela oko ndikucingayo ukuba yiMfundiso neNyaniso. Yabona? Ndicinga oko kulungile.

78 Ngoku, ndinamawaka amawaka ezihlobo zamaSabatha, zabantu abangamaSeven-day Adventists. Abanye babathandeka kakhulu abahlobo endinabo, abanye babo ngamaSeventh-day Adventists.

Nangona, intshukumo enkulu yayo, ebizwa, i—i*Zwi lesiProfeto*, ngokungqingqwa bachasene nam. Batsho ukuba ndenza intetho epulpitini, ndaze ndathi, “NdandiguThixo. Kunye nokuba—nokuba oku kuKhanya okube kundilandela yayiyiNgelosi, kwaye ndandinguThixo. Kwaye ndize ehlabathi ukuzokwenza izinto ezinkulu, ukubonakalisa ebantwini ukuba ndandinguThixo.” Ngoku, oko koko *iZwi lesiProfeto* likutshiloyo malunga nam, ngaphaya eCalifornia. Kwaye nabani othe waxela okuya, niyayazi, uxele into, ebingekho njalo.

79 Kodwa kwinto yokuqala, ekungathabathini ngcinga ngokuchasene nebandla iSeventh-day Adventist okanye naliphi ibandla elingelinye lamaSabatha, kodwa kuphela ngenxa yeVangeli. Sizakufika ezantsi, kwimizuzu embalwa, kwiPentekoste, nayo. Ehe. Inyaniso. KwiBhaptizi, sizakufika ezantsi kokuya size sibonakalise ukuba uThixo akathetheleli nalinye ihlelo. Injalo lonto. Uthethelela kuphela umntu ngamnye. Kwaye akaqubisani nalinye ihlelo, Akazange ayenze kwaye Engasokuze ayenze, ngokweLizwi Lakhe. Kodwa Uqubisana nomntu ngamnye kulo lonke ihlelo. Ewe, ngabantu ngabanye uThixo aqubisana nabo.

80 Ngoku phulaphulani koku ngokucacileyo, kwaye ukuba nanini, nangaliphi ixesha, la mbuzo ukhe weza kuni, uyakuphendulwa. Ngoku, yanga iNkosi ingasinceda.

81 Ngoku, ngokusondeleyo, “Kuba . . . ” Umqolo wesi-4.

> *Kuba wathetha kwindawo ethile ngosuku lwesixhenxe ukuthi,* . . .

82 Ngoku qaphela. Uthetha malunga nesabatha. Bangaphi abayaziyo ukuba igama *s-a-b-a-t-h-a* kwisiHe- . . . ligama lesiHebhere elithetha “u-p-h-u-m-l-o”? Bangaphi abakwaziyo

oko, kwisiNgesi? Ngokuqinisekileyo. Ingaba *usabatha* akavakali eligama elingaqhelekanga? Unjalo.

83 Ingaba *ungcwaliso* akavakali eligama elingaqhelekanga? *Ngcwaliso* ligama lesiGrike. *UNgcwaliso* luthetha "ukwenziwa ngcwele." IsiHebhere, lithetha "yenza ngcwele." IsiGrike lithetha "ngcwalisa." IsiNgesi, lithetha "yicoce."

84 *Isabatha* ithetha "umhla wokuphumla." Oko koko isabatha endala yayiyiyo, umhla wokuphumla. Xana ubona *ukuphumla*, ithetha "sabatha." Yijonge kumbhalo-ngqangi wakho wemvelo, ukuba kwenzeka ube neBhayibhile yesiGrike, uze ufumanise ukuba igama . . . Ukuba unayo iBhayibhile kaScofield, jonga kwimigca esecaleni yakho ku "phumlo" uze ubone ukuba ayikubuyiseli emva na kwi *sabatha*. Sabatha ithetha "uphumlo." Kulungile.

85 Ngoku qaphela.

> *Masoyikeni ngoku, hleze, kuthi ekubeni kusasele idinga* lokungena *kwi*sabatha *yakhe, ekuphumleni, . . .*

86 Ngoku, abantu abaninzi bagcina iintsuku, bathanda ukugcina usuku lwesabatha *uMgqibelo*. Abanye benza *iCawa* isithixo, usuku lokunqula. Kwaye ngobabalo lukaThixo, nangeLizwi likaThixo, uThixo andincede ngobubusuku, ndingabonakalisa kuni ukuba bobabini baphosisile. Bobabini umnquli ngeCawa kunye nomgcini sabatha, bobabini ngokuqinisekileyo baphosisile ngokweLizwi. Kwaye emva kwako konke, liLizwi ekufuneka sihambe ngalo, hayi ngoko ama Adventist akutshoyo, okanye hayi ngoko iProtestanti ikutshoyo, okanye iKatolika ikutshoyo. Koko iBhayibhile ikutshoyo.

87 Ngoku, qaphelani ngoku.

> *Kuba wathetha kwindawo ethile ngomhla wesixhenxe ukuthi, . . .*

Ngoku sizakubeka into ethile njenga*le*, size siyibize lena—lena, "UPhumlo lukaThixo," umhla wesabatha.

88 Ngoku qaphelani. "Kwaye uThixo . . . " Phulaphulani kwesi Sibhalo ngoku.

> *. . . UThixo waphumla ngosuku lwesixhenxe kuwo wonke* umsebenzi *wakhe.*

UThixo waba neSabatha, kwaye lowa mhla wesixhenxe wawuliwaka leminyaka ubude, umzekelo weMillennium.

> *Kuba wathetha . . . ngomhla wesixhenxe ukuthi, Waye uThixo waphumla . . . kuwo wonke* umsebenzi *wakhe—wakhe*

Isimela bizo, "Wonke umsebenzi *Wakhe*." Waphumla ngomhla wesixhenxe. Lowo nguThixo.

> *Kwaye kule ndawo* (phantsi komthetho)*, Ukuba bokhe bangene ekuphumleni kwam.*

89 UThixo waphumla, ngokwasenyameni, kuba Wayenze amazulu nomhlaba ngeentsuku ezintandathu, kwaye kusuku lwesixhenxe Waphumla kuwo wonke umsebenzi Wakhe. Waphumla iwaka leminyaka. Kuba iBhayibhile itshilo, ukuba, "Usuku olunye emhlabeni liwaka leminyaka eZulwini; iwaka leminyaka eZulwini lusuku olunye emhlabeni." Bangaphi abayaziyo iSibhalo sitsho oko kuPetros weSibini? Kulungile. "UThixo waphumla kusuku lwesixhenxe. Kwaye Wathetha ukuthi kwindawo ethile."

90 Ngoku phulaphulani.

> *Kuba wathetha kwindawo ethile ngomhla wesixhenxe ukuthi, Kwaye uThixo* waphumla . . . *kuyo yonke imisebenzi yakhe.*
>
> *Kwaye kule ndawo kwakhona* (umthetho)*, Ukuba bokhe bangene ekuphumleni kwam.*

Wanika amaYuda, kwindlela yawo ukusuka kwilizwe lesithembiso, okanye, ukusuka eYiphutha ukuya kwilizwe lesithembiso, isabatha yosuku lwesixhenxe.

91 Ngoku phulaphula.

> *Ekubeni ngoko kusalindeleke ukuthi kubekho bathile bangenayo kuko, baye abo bashunyayezwayo kuqala . . .*

Uphumlo! UThixo ubanika umthetho, kwaye isabatha yayingumyalelo wesine.

> *. . . bengangenanga ngenxa yokungakholwa: . . .*

92 Ngoku qaphela. Uthetha malunga nomthetho, indlela abangena ngayo, yayingadityaniswanga nokholo. Abazange balugcine. Bagcina isabatha kwisikhumbuzo, sokuba babesiya kwilizwe lesabatha, ukuya kuba nokuphumla kwaphakade kuzo zonke iingxaki zabo nazo zonke iinkathazo zabo, kungasekho baqhubi, kungasekho busuku obungaphumlisiyo. Babesendleleni yabo ukuya kwilizwe lokuphumla. Lalibaleka ubisi nobusi. Iidiliya zazinkulu okokuba amadoda amabini athwale ihlahla emagxeni awo. Owu, elinjani ilizwe lophumlo olusikelelekileyo! Kodwa basilela ukulufumana xana bafika phaya, ngenxa yokungakholwa kwabo. Bajikwa, kumashumi amane eemayile ukusuka apho bashiya khona iYiphutha, ukuya kwilizwe lesithembiso. Kwaye babeminyaka ingamashumi amane besiya phaya, ngenxa yokungakholwa kwabo. UThixo wabanika umprofeti wabo, wamnika umqondiso waKhe, wamnika iNtsika yoMlilo, wabonisa imiqondiso nezimanga, kwaye washumayela iVangeli kubo. Baze baphuma, emva kweentlanzi nezonka, baza bawa entlango. "Kwaye izidumbu zabo zatshabalala entlango."

93 UYesu, emthonjeni, Wathi.

Bathi, "Oobawo badla imana entlango, iminyaka emashumi mane."

94 Wathi, "NDISISO esa Sonka soBomi esiphuma kuThixo eZulwini. NDISISO iSonka soBomi. UMoses akaninikanga esa Sonka. UBawo waM unika esa Sonka. Kwaye NDISISO iSonka esaphuma kuThixo eZulwini. Ukuba umntu udla Sona, akasayi kufa." Nankuya umahluko.

95 Ngoku qaphelani. Batsho ukuthi Yena . . . "Basela kwiLiwa elalisentlango, isithuba *se-mininzi* iminyaka."

96 Wathi, "NDILILO ela Liwa." Malisikelelwe iGama Lakhe eliNgcwele! "NDILILO ela Liwa."

Angathini Yena ukuba lela Liwa? Ela Liwa yayiliLiwa loMoya. Lalandela abantwana bakaSirayeli. Kwaye uMoses wayenentonga esandleni sakhe, ntoleyo yayiyintonga yomgwebo kaThixo. Kwaye uThixo wamxelela ukuba abethe iLiwa, waze walibetha iLiwa. Kwaye xana wakwenzayo, amanzi aphuma eLiweni. Kwaye uKristu waye eleliya Liwa, waza umgwebo kaThixo wesohlwayo sesono wabetha kuYe. "UThixo wabubalela kuYe ubugwenxa bethu sonke," kwaye oba bugwenxa bagqabhuza intliziyo Yakhe. Kwaze ukusuka entliziyweni Yakhe kwampompoza uMoya oyiNgcwele, njengemilambo yamanzi, kwabatshabalalayo, abafayo abantu.

"NDILILO ela Liwa elalisentlango."

"Kutheni," wathi, "Uthetha ukuxela . . . "

97 Wathi, "UMoses, lowo owanixelela oko, walangazelela ukubona umhla waM. Kwaye wawubona ngokwesahlulo."

98 Bathi, "Ngoku, Uthetha ukuthi umkhulu Wena kunoMoses? Okokuba Wambona uMoses? Kwaye uMoses wabe efile amakhulu asibhozo eminyaka." Bathi, "Ngoku siyazi ukuba Wena unedemoni," ngamanye amagama, uphambene. "Siyayazi ukuba Wena uphambene."

99 Wathi, "Ngaphambi kokuba wayekho u-Abraham, NDINGUYE. Ndandi NDINGUYE OMKHULU owayesetyholweni elivuthayo. Ndingula Mlilo owawusetyholweni elivuthayo. NdiyilaNgelosi eyahamba phambi kwabo." Waze wathi, "Ndiphuma kuThixo, kwaye ndibuyela kuThixo." Kwaye Waphuma kuThixo, wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu; wabuyela emva kulaNtsika yoMlilo ikwanye.

Kwaye nanku Yena elapha, ngobu busuku, emveni kwamawaka amabini eminyaka, "okwamnye izolo, namhlanje, naphakade," esenza into ekwanye, ekhokela abantwana Bakhe abasikelelekileyo.

100 Kwaye abaninzi bayeza . . . ngaphakathi ngenxa yokungakholwa. Ngoku, wathi, "Ubeke usuku," usuku xana uThixo egqiba umsebenzi Wakhe. Emva koko, "Ubeke 'omnye umhla,' kwaye ukuthi, okokuba ukuba bayakuva, ukuba bayakungena, abo bagcine iisabatha, bayegqithela ngazo

iinyanga ezintsha nanjalo njalo.” Phaya kulapho abazalwana be Advent bazama ukukubuyisela emva khona.

101 Ngoku masifundeni siqhubeke. Qaphelani.

> *Ekubeni ngoko. . .kubekho bathile bangenayo kuko, nakubo abo bashunyayezwayo kuqala bengangenanga ngenxa yokungakholwa.*

102 Ngoku, umqolo wesi-7. Owu, bethu! Ndithi, iSibhalo siphefumleleke ngokwezibalo. Ndithi, iSibhalo sinjalo, kwaye kuyo yonke indlela, siphefumlelwe. Izibalo zeBhayibhile zigqibelele.

103 Ingaba uqaphele le United States ilinani ishumi elinesithathu kwinto yonke eyenzayo? Niyayazi yasekwa amaphondo alishumi elinesithathu? Niyayazi iflegi yayineenkwenkwezi ezilishumi elinantathu kuyo kuqala? Niyayazi yonke into ethi i-United States iyenze ikwinani ishumi elinesithathu? Ingaba niyayazi ibonakala eBayibhileni kwiSityhilelo i-13? Ngokuqinisekileyo iyayenza. Irhamncwa elincinci, imvana enyuka iphuma emanzini, hayi ubungqindilili kunye nendimbane yabantu,. . .hayi ukuphuma emanzini, kodwa ukuphuma emhlabeni, apho kungekho mntu. Ineempondo ezimbini: amandla amalungelo enkolo nawobuntu. Kwaye yayiyimvana: inkululeko yenkolo. Kwaye emveni kwethuba, zahamba zombini yaze yathetha njengerhamncwa, yenza lonke igunya eyathi iRoma yalenza phambi kwayo. Oko kuyeza kwisizwe sethu. Yiphawule phantsi. Yiqaphele kwiMbumba yeeCawa kunye neKatolika zimanyana ngokudibeneyo, uze uqaphele okwenzayo.

104 Abantu abalandela iNtsika yoMlilo ngenene bayakuba nexesha elingqwabalala, kodwa balungele uguqulo ngela xesha, injalo lonto, balindele nje ukuhamba. “Kuba iMvana yabeyisa,” itshilo iBhayibhile, “kunye nabo bayilandelayo Yona, ngokuba babizwa abonyuliweyo nabathembekileyo, aBanyulwa bakaThixo.” Gcina ekungeneni kwesasiprofeto ngoku, ukuze sibe nokuqhubeka noku.

105 Phulaphulisisa, isahluko sesi-7, i. . .ndithetha isahluko sesi-4, umqolo wesi-7. Isixhenxe linani lokuphelela. Isithathu linani loBomi. Isixhenxe linani lokuphelela, kwaye oku kusinika isabatha epheleleyo.

“Kwaye kwakhona,” khumbulani, wathetha, “UThixo,” ukuthi. Emva koko wathetha ngo “mthetho,” ukuthi. Kwaye emva koko, kwakhona, “Wabeka usuku,” usuku lwesithathu, ityeli lesithathu.

> *Kwakhona, umise imini, imini ethile, esithi ngoDavide, Namhla, emveni kwexesha elide;. . . Namhla, emveni kwexesha elide; njengokuba kuthiwe, Namhla ukuba nithe naliva ilizwi lakhe, musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu. (Qaphela.)*

> . . .*ukuba uYesu ubebaphumzile* (isabatha), . . .*ange engabuyanga athethe ngawo omnye umhla.*

Izigaba ziguquke ngoYesu Kristu: ukusuka kumthetho ukuya kubabalo, ukusuka kwimisebenzi ukuya kubabalo, ukusuka kwinto ethile oyenzayo ukuya kuyo into ethile uThixo ayenzileyo, phezu kweemfaneleko zakho okanye phezu kwemfaneleko Zakhe. Yaguquka.

106 Xana uMoses waphumayo entlango, nomthetho, wathi, "Uze ungakrexezi. Uze ungebi. Uze ungabulali. Gcina umhla wesabatha ungcwele." Xana uYesu waphuma entlango . . . Xana uMoses wazayo, umtyholi wamhenda. Kwamsinyane umtyholi emhendile yena, wanyamekela kuko. UMoses wayenendawo ebuthathaka. Bangaphi abayaziyo yayiyintoni? Iphuku. Kwaye kwamsinya njengoko wababona benqula ithole legolide, walahla phantsi imithetho waza wayaphula, ukubonisa wena ukuba ububingeleli buyakwaphulwa. Kwaye uThixo wayinikela kuye kwakhona.

107 Kodwa xana uYesu waphumayo entlango, amashumi amane eentsuku zokuzila, Wayelambile, kuphela kwendawo ebuthathaka awayenayo Yena. Kwaye umtyholi waza kuYe waza wathi, "Ukuba UnguNyana kaThixo, jika lamatye abe zizonka. Yenza ummangalisa apha. Mandikubone Wena uwenza, kwaye ndiyakuKukholwa."

108 UYesu wathi, "Kubhaliwe, 'Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.'" Wayesazi wayengahlangananga noMoses phaya, kuba Waya eLizwini.

109 Wamthabatha Yena wamnyusa enkcochoyini, itempile, wathi, "Ukuba UnguNyana kaThixo, Zilahlele phantsi." Waza wagqubuthelisa, hayi ukusicaphula, kodwa *wagqubuthelisa* iSibhalo. Wathi, "Kubhaliwe, 'Unika iiNgelosi umyalelo, ngokuphathelene, hleze nangaliphi ixesha Ubetheke ngonyawo Lwakho elityeni. Uyakukufukula Yena.'"

110 Waza uYesu waya ngqo eLizwini wamkhalimela.

111 Wamthabathela entabeni waza wambonisa Yena i-United States neJamani neSwitzerland, nazo zonke izizwe zehlabathi, ezaye kukhe zibekho, wathi, "Zizezam zonke. Ndenza ngazo nantoni endifuna ukuyenza." Akumangalisi sineemfazwe neengxaki. Wathi, "Ndenza ngazo . . . " Yilento abafazi benxiba . . . basinde ngayo, ngomthetho. Zonke zilawulwa ngumtyholi. Yilonto iBhayibhile eyitshiloyo. USathana wathi, "Zezam. Ndenza ngazo nantoni endifuna ukuyenza." Wathi, "Ukuba Uyakundinqula, ndiyakukwenza Wena ukumkani njengokuba ndinguye."

112 UYesu wathi, "Kubhaliwe, 'Uze unqule iNkosi uThixo wakho kuphela, oyakuyikhonza.' Jikela emva kwaM, Sathana."

Kutheni? UYesu wayeyazi ukuba Uyakuba yindlalifa kuzo kuleMillennium inkulu, xana uBukumkani Bakhe bufika. "Intando Yakho yenziwe emhlabeni njengoko isenziwa eZulwini." Akusayi kubakho zinxibo ezimfutshane. Akusayi kubakho kusela. Akusayi kubakho nkanuko. Akusayi kubakho kukrexeza kwakhona. Akusayi kubakho kufa kwakhona. Akusayi kubakho ntsizi kwakhona. Uyakuba yindlalifa kuso sonke isizwe. Zezakhe. Injalo lonto. Zezakhe, kwaye Uyakuba yindlalifa. Kodwa uSathana unazo okwesithuba sexesha, ukutsho namhlanje, esiphila kuko.

113 "Kodwa Wamisa umhla, esithi, 'Namhla, emveni kwexesha elide.' Kwaye wathi, 'Musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu.'"

> *Ukuba uYesu* ube*baphumzile,. . .ange engabuyanga* kamva *a*thethe *ngawo omnye umhla.*

114 Mzalwana wama wom Adventist, jonga kokuYa. UPawulos apha, watsho. Kwaye uPawulos wathi, kumaGalati 1:8, ukuba uzibhala phantsi izibhalo, maGalati 1:8, "Ukuba iNgelosi isuka eZulwini iyeza ize ishumayela nayiphi enye ivangeli ngaphandle kwaLe endithe ndayishumayela, mayisingelwe phantsi." uPawulos wathi, "Ukuba uYesu ubebanike umhla woPhumlo . . ."

115 Jongani, xana Ephuma entabeni. Uyehla ngoko. Wayemoyisile umtyholi. Wayethanjisiwe, elungele ulungiselelo Lwakhe. Wathi, "Nibevile besithi, bona abamandulo, 'Uze ungabulali,' kodwa Mna nditsho kuni ukuba nabani na onomsindo kumzalwana wakhe, ngaphandle kwesizathu, sele ebulele. Nibevile bona besithi, bona abamandulo," lo mhla, abagcini-sabatha. "Nibevile bona besithi, emva ngelo xesha ngamaxesha amandulo, phantsi komthetho, 'Uze ungakrexezi.'" Kwakufanele ube sesenzweni, ukuze ube netyala. "Kodwa Mna ndithi kuni, nabani na othi ajonge kumfazi amkhanuke selemkrexezile kunye naye entliziyweni yakhe." Umahluko! Gqitha ngqo ngala myalelo wesine. Kodwa ingaba Wabanika bona uPhulo?

116 Masibone oko wakutshoyo. "Wathi uDavide, 'Emveni kwexesha elide, kuyakubakho uPhumlo olugqibeleleyo oluyakuza.'" UThixo waphumla kwimisebenzi Yakhe, ngomhla wesixhenxe. UThixo wawusikelela umhla wesabatha, waza wawunikeza kumaYuda entlango, ngolu hlobo. Bangena . . .ngaphakathi ngenxa yokungakholwa, kuba iLizwi lingadityaniswanga nokholo. "Kwaye kwakhona, Wabeka usuku oluthile, esithi kuDavide, 'Emveni kwexesha elide.'"

Amakhulu eminyaka emveni kokuba efile uDavide, uNyaba kaDavide uyakuvuka, lowo onguYesu, "Kwaye ukuba bayakuliva iZwi laM, musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu." UThixo uzakuthetha entliziyweni.

117 Ngoku qaphelani, okomqolo we-9 ngoku, kuni nina abafundayo. "UYesu ngewayebanike uphumlo," umqolo wesi-8, "Nge . . . wayethethe ngomnye umhla."

118 Ukuba kwakuyakubakho isabatha, ukuba kwakuyakubakho ukugcinwa kweCawa, ngoko Yena ngewayethethile ngayo. Ukuba Wathi, "Ngoku akusekho sabatha, akusekho kugcinwa kwamhla wesixhenxe, into eNdiyifunayo ukuba niyigcine yiCawa," Yena ngewayeyitshilo. UPawulos uthe Wayenza. Ngewayetshilo, "Nonke ninqula ngeCawa. Leyo iyakuba luphumlo." Ke, ukuba Yena ebeyakufuna bona bagcine isabatha, Yena ngewayetshilo, "Nje ukuqhubeka ukugcina usuku lwesixhenxe. Kodwa ngoku Ndifuna nina nigcine iCawa, usuku lwesibhozo." Hayi. Akazange ayitsho.

119 Wathi, "Ukuba uYesu wayebanike umhla, Ebengayi kuthetha na ngawo?"

120 Ngoku umqolo we-9. Yiba sekulindeleni.

> *Ngoko abantu bakaThixo balindwe luphumlo,* ukugcinwa kwesabatha *ebantwini bakaThixo.*
>
> *Kuba lowo ungenayo ekuphumleni kwakhe* (KukaKristu)*, naye ngokwakhe uphumle kuyo imisebenzi yakhe, njengoko wenzayo uThixo kweyeyakhe,* ngesabatha.

121 Yayibona? Ngoku masithabathe esithile iSibhalo size sixhase oku. Kulungile. Xana uThixo wenza ihlabathi ngeentsuku ezintandathu, Waphumla ngomhla wesixhenxe, waze akaphinde asebenze kwakhona. Malisikelelwe iGama leNkosi. Wakha ihlabathi, wabeka indalo kulo, waza waya kuphumla; kwaye akazange abuyele emva kwakhona, ukuza kwakha ihlabathi kwakhona. Wagqiba imisebenzi, waza waya kuphumlo. Ngoku, kwi . . . Ngoko, emveni kwala mawaka eminyaka, saza isono sangena; emva koko uKristu wamelwa, iMvana yayimelwe. Ngoku, amaYuda ayenikwe lo mzekelo woPhumlo lomhla wesixhenxe.

> Ngoku*, wa*beka omnye *umhla, esithi kuDavide,* . . . *emveni kwexesha elide, ku*za kubakho olunye uphumlo.

122 Ngoku yintoni olwa Phumlo? Tyhilani kunye nam kuMateyu, isahluko se-11, nakwindawo yokugqibela yesahluko se-11 soNgcwele uMateyu. Kuxa uYesu Wagqibezela intshumayelo Yakhe entabeni, kwaye niyakubona oko wakutshoyo.

123 Wathi, "Nabani na othi ajonge kumfazi, amkhanuke, usele ekrexezile kunye naye entliziyweni yakhe. Nabani othi abe nomsindo ngakumzalwana wakhe, ngaphandleni kwesizathu, umbulele umzalwana." Zonke ezi zinto, kwaye Akazange wawuchukumisa umthetho wesine, la sabatha.

124 Ngoku Uyagqiba apha. Kwaye iSabatha siSithembiso esikhulu sikaThixo. LuPhumlo. Ngoku, ngoku qaphelani apha,

xana Wafika ekugqibeni iintshumayelo yasentabeni. Apha Uthi, umqolo we-27 wesahluko se-11 sikaMateyu oNgcwele. Apho, Wayefundisa intshumayelo yasentabeni kwisahluko sesi-5.

> *Zonke izinto zinikelwe* esandleni sam*, kum nguBawo: kwaye akukho namye umntu omaziyo uNyana, kuphela nguYise;. . .*

Yabona, akunakumazi omnye ngaphandleni kokwazi ongomnye, kuba WayenguYise ebonakaliswe enyameni.

> *. . .kungekho namnye umaziyo uBawo, kuphela nguNyana, . . .*

125 Ikhangeleka ngathi abantu banganakho ukubona Okuya kwaye bangaxoxi. Ngokuqinisekileyo. UThixo akangoBantu abathathu. Ukuba ungooThixo abathathu, ngoko singabahedeni.Ngowuphi onguThixo? Ba, bobathathu, uThixo omnye, zizikhundla ezintathu zoThixo okwamnye. WayenguYise, kwimo kaMoya oyiNgcwele, kula Ntsika yoMlilo entlango. WayenguNyana, xana Wasebenzisa isikhundla sobuNyana. "Kusaya kuba lithuba elincinci ihlabathi lingabi sandibona; ndiyemka. Ndiyakuza kwakhona ndize ndibe nani, nakuni, kude kuye esiphelweni sehlabathi." Yabona? Yena ubu buYise, ubuNyana, noMoya oyiNgcwele, kananjalo. Kukonke nguThixo okwamnye esebenza kwizikhundla ezintathu ezahlukeneyo: UbuYise, ubuNyana, Moya oyiNgcwele. Soze . . .

UYohane wokuQala 5:7 wathi, "Kukho abathathu abangqinayo eZulwini: Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Aba bathathu baNye."

126 Wathi uTomas kuYe, "Nkosi, sibonise uYihlo." Kuyakumanelisa.

127 Wathi, "Ndibe ndinexesha elide ndinani, kwaye akundazi na Mna?" Wathi, "Xana undibonile Mna, umbonile uBawo. Kwaye kutheni usithi, 'Sibonise uYihlo'?"

128 Ngoku, uBunye bayithatha, iqela labantu bobunye, baza bazama ukwenza uYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, nje isikhundla esinye nendawo enye, kwaye nje ngomnwe wakho, omnye. Akulunganga oko. UThixo akana . . . UYesu ebengenakuba nguyise weSiqu Sakhe. Ukuba Wayenguye, ngoko Waye e . . . Kulungile, Ebengathini ukuba nguyise weSiqu Sakhe?

129 Kwaye ukuba uThixo ngumntu, ehluliwe kuMoya oyiNgcwele, Unooyise ababini. Kuba iBhayibhile itshilo, okokuba, "UMoya oyiNgcwele wasibekela uMariya waze wakhawula." Kwaye iBhayibhile ithe, kuMateyu 1:18, okokuba, "la nto ekhawulwe nguye ingoMoya oyiNgcwele." Ngoko ngowuphi uyise Wakhe, uMoya oyiNgcwele okanye uThixo? Bobabini, uMoya okwamnye, okanye Ube nozalo lobugqakhwe ngoomoya ababini.

Leyo yimfundiso yaseKatolika, kwaye ayizange ibe yimfundiso yeBhayibhile. UMartin Luther wayizisa, kunye nobuninzi ubuKatolika obukwibandla lamaLutere. UWesley walandela ukuqhubeka nayo. Kwaye isaqhubekeka, kodwa liphutha. AsiyoNyaniso. Zange ibe yiyo, zange ibe yiMfundiso yeBhayibhile. Zange ibe ngumyalelo weBhayibhile, ukufundisa ngooThixo abathathu.

Mnye uThixo. UYesu wathi, "Yivani, Owu Sirayeli, NdiyiNkosi uThixo wenu, uThixo omnye," hayi ooThixo abathathu.

130 E-Afrika, babhaptizela kube kanye kuYise, kube kanye kuNyana, kuze kube kanye kuMoya oyiNgcwele. Aze emva koko umYuda olusizi eze, athi, "Ngowuphi kubo onguThixo wenu? Ngowuphi, uYise, Nyana, okanye uMoya oyiNgcwele?" Bona, bonke bobathathu, baNye. IBhayibhile ithe baNye.

131 UYesu waye eyindlu awathi wahlala kuyo uThixo. IBhayibhile itshilo ukuba—ukuba, uTimoti wokuQala 3:16, "Ngaphandle *kokungangqinelani*," (leyo yi, "ngxoxo") "inkulu imfihlelo yobuthixo. Kuba uThixo wabonakaliswa enyameni, wabonwa ziiNgelosi, wamnkelwa e . . . washunyayelwa, wakholwa, waze wamnkelelwa phezulu eLuzukweni." Wabanjalo uThixo. IBhayibhile yathi, "IGama Lakhe liyakubizwa *Imanuweli*, ntoleyo ngokutolikwa, 'UThixo enathi.'" IBhayibhile itshilo, ukuba, "UYesu, kuYe kuhleli inzalisekiso yentloko buThixo ngokomzimba."

132 Njengoko sithe sanayo ngobunye ubusuku: uThixo, ekuqalekeni, wayenguMoya. Kwaze ngoko, ukusuka kuThixo, kwaphuma uLogos, okanye umzimba welizwi, ntoleyo yayisisimo somntu, obizwa Nyana kaThixo, ukuzekelisa ngexa elingaphambili. Weza emhlabeni, esemzimbeni wenyama, kwa nangaphambi kokuba Eze ekuYesu Kristu. Ngoku ginya oko kube kanye, mzalwana. Ndiyakukubonakalisa oko kuwe.

133 Xana—xana uMoses wabona Yena. Wathi, "Mandibone isimo Sakho, Nkosi." Waze uThixo wamfihla eliweni. Kwaye xana Wegqithayo, wathi, "Yayingumhlana wendoda." Oko yayingulaMzimba welizwi. Oko kuko ngqo.

Emva koko, laMzimba welizwi kwafuneka wenziwe inyama. Hayi omnye uMntu, kodwa uMntu okwamnye kwafuneka abe yinyama, ukuze athabathe ulwamvila olusekufeni.

Njengenyosi xana inqola, ishiya ulwamvila. Kwaye ayikhe ishiye okuya . . . Ingabeka ulwamvila enyameni yomntu ngokuba sisono. Kodwa mzalwana, xana yanqola laa nyama ka Imanuweli, yalahlekana nolwamvila lwayo. Ewe, mhlekazi. Ingabhubhuzela kodwa ayisena lwamvila kwakhona.

134 Yilonto, uPawulos, xana babeza kunqumla intloko yakhe, wathi, "Owu kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Ungabhubhuzela ungqumshele kangangokuba ufuna. Ngcwaba, luphi na uloyiso

lwakho? Kodwa makubulelwe kuThixo osinika uloyiso ngaye uYesu Kristu." Nantso ke.

Kwathabatha uThixo Buqu ukukwenza okuya. Weza kwaye wabonakaliswa enyameni. Wabuyela emva kuMoya.

135 Uthi, "Mzalwana uBranham, akuzange wasixelela, noko, xana uThixo wenziwa inyama phambi kokuba Aze enguKristu."

Xana u-Abraham wayehleli phantsi kwentente yakhe, ngenye imini, nako kusiza iiNgelosi ezimbini kunye noThixo, zisenyuka zisiza kuye, kwinyama yomntu. Zazinothuli ezimpahleni zazo kwaye zidiniwe, zaze zahlala phantsi. Waza u-Abraham waphuma wathabatha ithole ezinkomeni, walibulala. Waza wenza inyama enqunqiweyo. Waphuma wafumana... wathi kuSara makathabathe umgubo wombona awuhluze, aze enze amaqebengwana. Waze wafumana ibhotolo enkomeni, wafumana ingqaka yobisi. Wayikhupha phaya waza wayibeka phantsi, kwaye uThixo wayidla.

136 Haleluya! Eso sisizathu, "Ukholo lwam lukhangele kuWe, Wena Mvana yeKhalvari."

137 Ucinga ukuba yinto enkulu leyo kuThixo? UThixo, owenza yonke ipotash neekalsiyam, nayo yonke into ehlabathini, Waza ezantsi ukuza kutyelela u-Abraham. Wathi, "Ucinga ndiyakuyifihla kuwe, ekubeni uyindlalifa yehlabathi?" Amen. "Andiyikuyifihla kuwe." UThixo ufumane nje i...

138 Senziwe zizinto ezilishumi elinesithandathu. Ufumana nje ethile ipotash, kunye nekhalsiyam ethile, ipetroliyam ethile, ukukhanya kwendalo, i "Whew!" "Ngena kokuya, Gabhriyeli," umzimba!

139 "Whew!" "Ngena kokuya, Wormwood." Wangena kuko.

IiNgelosi ezimbini, ziphuma eZulwini!

140 UThixo waya waza wafumana isandla esigcweleyo sayo, "Whew," wangena kokuya, Yena buqu. Wehla, kwaye wayelambile. Malisikelelwe...Malunga naphi nokuya, bazalwana be Adventist abangasayi kutya inyama? Sizakufika kokuya, emveni kwethuba. UThixo uSomandla, uYehova, fumanisa ukuba ela Gama likwalinye aliguqulelwanga ngendlela Enye kwityholo elivuthayo! Haleluya!

Kwaye xana Wema emhlabeni, Wathi, "Ngaphambi kokubakho kuka Abraham, NDINGUYE, lowa ukwaMnye kwityholo elivuthayo." Injalo lonto, Elohim, khangela ukuba ayiyonto ikwanye. WayenguLowo owasetyholweni elivuthayo.

141 WayenguLowo apha ebukhoneni buka Abraham, emzimbeni wenyama, owatya ithole, waze wasela ubisi lwenkomo, watya nebhotolo kumaqebengwana. Malisikelelwe iGama eliNgcwele likaThixo! Wehlela ngqo phaya waza wathi, "Andisayi kukushiya..."

Kwaye Wayenomhlana Wakhe ujikiwe. Wathi, "Abraham, Ndizakukutyelela, kwaye uzakuzisa la mntwana. Unekhulu leminyaka ubudala ngoku, kwaye uSarah unamashumi alithoba." Kwaye uSarah, ententeni, waya, "Ha!" wahleka. Wathi, "Yintoni ehlekisa uSarah?" Emva Kwakhe; intente phakathi kwabo.

142 Wathi u-Abraham, "Sarah, ingaba uhlekile?"

143 "Hayi, andikhange."

144 Wathi, "Ewe, wenzile." Hlobo luni lofundo lwengqondo olulo luya? Hlobo luni lokufunda ingqondo oluya?

Wenza into ekwanye namhlanje. NguJehovah-jireh, Jehovah-rapha, okwamnye izolo, namhlanje, naphakade. Akakhe asilele.

145 Khangelani kuYe. Nankuya Emile. Waya kanye phandle waze wathetha noAbraham; waze wanyamalala, emehlweni akhe. Kwaye iqhawe elikhulu u-Abraham wathi wa "thetha ubuso-no-buso kunye noThixo, u-Elohim," uThixo okwamnye. Niyayifumana? Hayi aBantu abathathu, mzalwana. Izikhundla ezintathu zoMntu omnye!

146 Ekuqalekeni ebe kwamnye, Wayengula Moya mkhulu, uMthombo apho konke ukunyaniseka, lonke uthando, lonke uxolo. Yonke into eyayinyulu yayikuloMthombo. Yaqala ukubumba umzimba, umzimba welizwi, uhlobo lomzimba esiya kuwo. Hayi umzimba ozukusiweyo, kodwa umzimba obungelosi, ukufana; unobume, isimo.

147 Lonke ixesha ndibona umthi, ndicinga, "La mthi sisithunzi. Kukho uqobo ndaweni ithile." La mthi wenziwa ukusuka kwinto ethile. Ukuhlakanipha kwawenza. Kwaye konke lomhlaba okwenzayo kubonisa okwaseZulwini. IBhayibhile itsho njalo. Kwaye ukuba kukho umthi apha ofanele ukutshabalala, kukho omnye eLuzukweni ongasayi kutshabalala.

148 Ukuba ndibona umntu, ndibona athandekayo asematsha amaqabana, indoda kunye nomfazi wayo, besihla ngestrato, izithandwa zikunye, ibonakalisa ntoni? Malisikelelwe iGama leNkosi! Kukho okhoyo eZulwini ongasokuze utshabalale. "Ukuba lomnquba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye osele ulindile," umzimba welizwi.

149 Ngoko ufumana itriniti: uMoya omkhulu, uhleli kuNyana, uYesu; uYesu ehleli eBandleni. "Ngaloo mini, niyakuyazi ukuba Mna ndikuye uBawo, uBawo ukuM, kwaye Mna ndikuni." [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Konke awayekuko uThixo, Wakugalela kuYesu; konke awayekuko uYesu, Wakugalela eBandleni. Nantso ke. "NdikuBawo, uBawo ukuM; Mna ndikuni, kwaye nina nikuM." Nanko u—nanko uMzimba.

150 Oko koko kuyingxaki nebandla. Libe lifundiswe imfundiso endala eyimfitshimfitshi, etenxileyo yohlobo oluthile yexhogokazi elidala, ukuyabula nokuba neesopholo zesuphu

nemigidi yamakhasi. Yilento sinegquba lombhadamo esinawo. Asidingi zinkqubo zabantwana kunye nesopholo zesuphu. Esikudingayo yendala engqwabalala iVangeli, kunye namadoda okholo kunye nekrele lijinga phaya, kwaye becela umngeni. Esikudingayo namhlanje, hayi imfitshimfitshi yemfundo ngenkolo kunye nolwazi lwengqodo loqhogano olwenziwe ngabantu. Sidinga iVangeli engqwabalala eshunyayelwe ekuKhanyeni naseMandleni nokubonakaliswa koMoya oyiNgcwele.

151 Qaphelani apha ngoku.

> Njengoko athe, *wa*beka omnye *umhla, esithi kuDavide, . . .*
>
> *. . . ukuba uYesu* unge ube*baphumzile, . . . ange engabuyanga . . . athethe ngawo omnye umhla.*
>
> Ngoko *abantu bakaThixo balindwe . . . luphumlo.*
>
> *Kuba lowo* u*ngenayo ekuphumleni kwakhe, . . . naye ngokwakhe uphumle kuyo imisebenzi yakhe, njengoko uThixo wenzayo kweyakhe.*

152 Ngoku kuphi apho sizakufunda khona? UMateyu, amashumi amabini- . . . Isahluko se-11, umqolo wama-27.

> *Zonke izinto athe uBawo wazinikela kum, zinikelwe kum nguBawo, gxebe: kwaye akukho mntu umaziyo uNyana, kuphela nguBawo; (Kulungile.) kungekho namnye umntu omaziyo uBawo, kuphela nguNyana, naye lowo sukuba uNyana ethanda ukumtyhilela.*

153 Yabona, asibobungakanani bokufundayo, kungakanani u—ubhishopu afuna wena ukwazi. Kokungako uThixo afuna wena ukwazi. Ukuba akunakho ukusibona esi Sityhilelo, sukubuza uBhishopu. Buza uThixo. Sukubuza umalusi wakho. Buza uThixo. "UNyana utyhila Yena," *Yena*, isimela bizo somntu.

154 Phulaphulani. Oku kuyakunothusa. Nanku umyalelo. UPawulos wathi, "Ukuba Ebeshiye omnye umhla, Yena ngeWayethethile ngawo." Kodwa apha koko Wakutshoyo.

> *Yizani kum, nonke nina enisindwayo kwaye nibulaleka ngumthwalo, ndiyakuninika* isabatha, *ukuphumla.*
>
> *Thabathelani* kuni *idyokhwe yam, nize nifunde kum; kuba mna ndinobulala kwaye ndithobekile ngentliziyo: kwaye noyifumanela* isabatha imiphefumlo *yenu.*
>
> *Kuba idyokhwe yam ilula, kwaye ne*mithwalo *yam* i*khaphukhaphu.*

155 Qaphela oko akutshoyo uPawulos.

> *. . . ukuba uYesu* ube*baphumzile, . . .* ange e*buye* wathetha *ngawo omnye umhla.*

> Kodwa *u*beke *u . . . umhla,* esithi ku*Davide, . . . emva kwexesha elide; . . .* xana *nithe naliva ilizwi lakhe, musani ukuyenza lukhuni* intliziyo *yenu.*

"Kwaye kusele . . ." Phulaphulani ngoku, umqolo we-9.

> *Ngoko ke abantu bakaThixo, balindwe luphumlo,* isabatha.
>
> *Kuba lowo*, indoda okanye umfazi, *uthe* wa*ngena ekuphumleni kwakhe . . .*

"Yizani kuM, nonke nina nibulalekayo nisindwayo ngumthwalo. Ndiyakuninika ukuphumla."

> *. . . waphumla kweyakhe . . . imisebenzi, njengoko wenzayo uThixo kweyakhe.*

156 Ungaba namashumi amabini eminyaka ubudala. Ungaba ubunamashumi amathathu eminyaka ubudala. Ungabe ubunamashumi amahlanu eminyaka ubudala. Kodwa ngomzuzu usiva iZwi likaThixo linkqonkqoza entliziyweni yenu, musani ukuyenza lukhuni. Ngoko ngena . . . "Lowo uwavayo aMazwi aM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unonaphakade, uBomi obunguNaphakade, kwaye akasayi kuya emgwebeni kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini."

157 "Uthi, Mzalwana uBranham, kwenzaka ntoni?" Fumana uMoya oyiNgcwele. UKristu uza ngaphakathi kuwe. Ingaba injalo?

158 Tyhilani nam ku Isaya, isahluko sama-28, size sifundeni. U-Isaya, isahluko sama-28, bona oko wakutshoyo umprofeti malunga nayo. UMateyu . . . 28, qalisa kumqolo we-8. Apha yinkohla yemihla yokugqibela. Kufuneka sivale emzuzwini.

> *Kuba zonke izithebe* ziyakuba*, zizele ngumhlanzo . . . akukho ndawo icocekileyo.*

159 Mandime oko mzuzu. Njengoko uErnie wathi ngobunye ubusuku, wayethetha nomntu othile. U-Ernie Fandler, lo mzalwana apha usuka eSwitzerland, wathi, "Ndema ndayiyeka yangena yamanzisa."

160 Ndifuna oku kungene kumanzise.

> *. . . akukho ndawo icocekileyo.*
>
> *Kuba zonke izithebe* siyakuzala *ngumhlanzo . . .*
>
> Kwaye njenge*nja* isiya *kumhlanzo* wayo . . . ne*hagu . . . eku*zityikityeni *kwayo,* benjenjalo abantu ukubuyela emva.

161 Yintoni ingxaki nani maWisile? Naniqhele ukuba nokuKhanya. Kwenzeke ntoni? UThixo waKususa esandleni sakho, WaKunikezela kumaNazarene.

Kwenzeke ntoni kuni maNazarene? Nanikhe nanokuKhanya. UThixo waKuthatha ezandleni zenu waza waKunika

amaPentekoste. Injalo. Nina bandla likaThixo nani nonke nina bantu bobungcwele, ngokuba nikwalile ukuKhanya, nizenze ihlelo naza nathi, "Asisayi siphinde sikholwe okunye kun*oku,*" UThixo waqhubeka waphuma waza wanibonisa nina ukuba Yena unabantu abaya kuMlandela.

162 Kwenzeke ntoni kuni maPentekoste? Naninako ukuKhanya. UThixo waKususa kuni.

INtsika yoMlilo iyahamba. Lonke ixesha iNtsika yoMlilo ihamba, iBandla lahamba naYo.

Kwaye xana uLuther wazenza umbutho, ukuphuma kwibandla iKatolika, ibandla elilelakhe, iNtsika yoMlilo yahamba waza uWesley wemka naYo.

UWesley wazenza umbutho waza wenza ihlelo lakhe, yaza iNtsika yoMlilo yahamba aza amaNazarene emka naYo.

AmaNazarene azenza umbutho, laza ibandla likaThixo lemka naYo; kwaye lathi lalingelohlelo, kodwa lalililo.

163 Emva koko kwenzeke ntoni? Into elandelayo eyenzekayo, amaPentekoste abona uMlilo, aze emka. Kwaye yintoni enayenzayo? Nenza imfundiso kwiilwimi, naza nayenza umbutho, "Wonke umntu kwafuneka athethe ngeelwimi phambi kokuba bafumane uMoya oyiNgcwele," emva koko uThixo wahamba kanye ngoko waza wanishiya nihleli apho nikhoyo.

164 Kwenzeke ntoni kuni boBunye? Nifumene ubhaptizo eGameni likaYesu. Nenze imfundiso ngalonto, naza nazahlula kwinxenye yaWo, waza uThixo wemka ngoko wanishiya nihleli phaya. Injalo.

165 Kwenzeke ntoni kuni ma Assembly of God, General Council endala? Nenze umbutho ophuma kokukokwenu, waza uThixo wemka ngoko wanishiya nihleli. Kwaye ngoku aniyonto kuphela elibandayo, ingquba elomileyo njengabanye benjalo.

Kwaye iNtsika yoMlilo iyahamba. Haleluya!

. . .*zonke izithebe zizele ngumhlanzo* . . .

166 Khangela kwiSidlo seNkosi sasebusuku. Kutheni, bade. . .Bendisendaweni abathabatha ilofu endala yesonka. Kwaye isonka sifanelwe senziwe ngesonka esingenagwele. Kwaye basigqithisa kuboni, abatshaya imidiza, abathengisa ngemizimba, amahenyu, oko nje benamagama abo encwadini.

167 Kwaye nina maBhaptizi nide nikubize "ovalekileyo" umthendeleko. Ngoku, nina maBhaptizi khonyani kancinci, uThixo uyakususa uphondo lwenu. Oko kulunge ngqo, anisayi kubanakho ukuluvuthela. "Ovalekileyo" umthendeleko, niyazahlula, nikhangeleke ngcwele kakhulu kunokuba ninjalo.

Khumbulani, lona ngumnquba womBhaptizi. Oko koko nikufumanayo, nizenze umbutho. "Owu," nithi, "asingombutho." Ewe, ninguwo. Ngokuqinisekileyo, ninguwo.

Nithi, "Sibubudlelane." Ehe, nabani ozayo emnyango aze afundise ngendlela enikholwa ngayo, konke kulungile. Kodwa, omnye a—aniyi kumlahlela ngaphandle, kodwa niyakumsika kubuzalwana benu. Kunjalo ngqo oko. Owu, ninendlela yokuyenza. Ke naye uThixo unendlela yokuyenza. Kodwa iBandla likaThixo liyakuqhubeka ukuhamba. INtsika yoMlilo ayisayi kumela lonto.

> . . .*zonke izithebe zizele ngumhlanzo* . . .

168 Phulaphulani ngoku. Ngoku oku kuzakunothusa nje umzuzu. Phulaphulani. Ndiyakufunda iLizwi. Yayingubani lo? Umprofeti, u-Isaya.

> . . .*zonke izithebe zizele ngumhlanzo* . . .*ke akukho nto icocekileyo,* nje inja itya inja.

169 Yiza ebandleni: abafazi abanqunqe, banqothule iinwele zabo, banxiba ezimfutshane, baphume baze babone amadoda esiza ukuhla ngestrato; echeba ingca eyadini, amantombazana amancinci afuna ukuva umntu othile esenza lamlozi wokubiza inja enamandla okanye ingcuka, nantoni na eyiyo, niyazi, "Vityo-vityo!" Owu, ucinga umhle, akunjalo?

170 Kwaye amadoda ahamba ukuhla ngestrato kunye nesiga emlonyeni wakho, kwaye idikoni kwibhodi. Nikhangeleka njengenkatyana yenkomo yaseTexas engenampondo. Kwaye ngoko nicinga ukuba nibalulekile. Kunjalo ngqo oko. Yilonto zonke izithebe . . . Nyuka uze uthabathe umthendeleko, uze wenze ngathi ubalulekile, uqhathe kwaye ube kwaye uxoke, iveki yonke. Yintoni ingxaki nani?

> . . .*zonke izithebe zizele ngumhlanzo* . . .

171 "Owu, ndithabatha iSidlo seNkosi sangokuhlwa. Ngokuqinisekileyo, siyakwenza ebandleni lethu. UYesu wathi Uyakusivusa kwimihla yokugqibela ukuba sithabatha iSidlo seNkosi sangokuhlwa."

172 Kodwa, "Lowo uthi adle aze asele ngokungafanelekileyo, udla kwaye eselela umgwebo wakhe, engawucaluli uMzimba weNkosi. Kuba ngenxa yoku abaninzi bayagula kwaye bebuthathaka phakathi kwenu, kwaye abaninzi bafile," badala, bafile, amabandla omileyo. UMoya kaThixo umkile kuni. INtsika yoMlilo ayisekho phaya. Niphika impiliso eNgcwele. Niphika uvuko.

173 "Owu," nithi, "owu, Uvukile kwabafileyo, ngokwasembalini." Ke, malunga naphi naYe ekubeni esenguye namhlanje, ukuba Wavuka kwabafileyo? Uthi, "Owu, akunjalo oko." Ngoku, nantso ke. Unovuko ngendlela olufuna ngalo, kwaye uThixo unalo ngendlela Alufuna ngalo.

174 Kodwa, into eyiyo, iBhayibhile yathi, oko sikwaziyo yiNyaniso, ukuba Uyakuliqinisela iLizwi. "Kwaye ezi zinto endizenzayo niyakuzenza nani. Kwaye ndiyakuba nani lonke

ixesha, kude kube sesiphelweni sehlabathi." "UYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade." Oko koko iLizwi likutshiloyo.

175 Ngoku yintoni isabatha?

> *. . .zonke izithebe zizele ngumhlanzo . . .akukho* nasinye *esicocekileyo.*
>
> Ngubani *aya kumfundisa ulwazi?*

Hayi ulwazi lwehlabathi; ulwazi lomoya!

> Ngubani a*yakumfundisa ulwazi? . . .ngubani ayakumenza . . .aqonde imfundiso?*

176 "Owu, makasikelelwe uThixo, umbutho wethu awukholelwa Oku. Abayi kunyamezelana nOkuya." . . .khathali yintoni umbutho wakho okukholelwayo. Yintoni elikutshoyo iLizwi likaThixo malunga nayo? "Owu, kuhle, abelusi bethu, niyayazi, bafundile." Owu, ngokuqinisekileyo. Ngokuqinisekileyo, banemfundo engako, bashiye uThixo ngaphandle kuyo. Ngenene, nina ningabaxelela iLizwi kwaye bayakuzulazula baze bathi, "Ke, andiYikholelwa nje ngala ndlela." Owu, wena nto inekratshi! Mandikuxelele.

177 Jonga apha.

> *. . .ngubani ayakumenza . . .azi imfundiso? abo balunyulweyo* ebeleni, *kunye . . .nabo balunyulweyo ebisini, baza basuswa emabeleni.*

178 Ngenye imini, ummelwana wam weza. Wathi, "Billy, umalusi othile apha esixekweni, othandeka kakhulu umntu omncinci owakhe wambona . . . " Wathi, "Umfazi kunye nam sasihleli sinxibe ipijama zethu, malunga nasembindini wobusuku, kwaye lamalusi mncinci wabaleka wangena waza wa—wa—waphunga ikofu kunye nathi waza waya kwenye indlu yommelwana, waza waxhawula izandla nabo. Babenomdlalo omncinci wamakhasi, waza wahlala phantsi wadlala amakhasi kunye nabo." Wathi, "Owu wayengoyena wonwabayo nabantu umfo owakhe wambona." Wathi, "Owu, siyamthanda. Asiyi kumgxotha kungekho nto."

179 Ndema phaya kancikane, ndacinga, "Kulungile?"

180 Wathi, "Owu, akucingi ukuba lonke ibandla lidinga indoda enjeya?" Huh! Andizange ndibe nakho ukuphendula okuya. Wathi, "Kwenye indawo encinci," wathi, "babenandawo enjalo ukubantle. Lo mlungiseleli kunye nenkosikazi yakhe, abantu abathandekayo, baphuma baze bahoya abantwana kangako de baba ne—nesikolo seBhayibhile." Waze wathi, "Babenokuninzi nje, bayiphuphumalisa into ngabantwana abancinci." Wathi, "Bethu, angabalisa zonke iintlobo zamabali amancinci ebantwaneni."

181 Ndathi, "Kuhle oko. Kuhle kakhulu oko."

182 Ndabuyela emva. Ndandisandula kubuya eCanada. Ndacinga, "Naku ndilapha. Bethu! Abantu . . . Yintoni ingxaki nam? Andikwenzi okuya." Ndaya kuhlamba imoto yam. Ndacinga, "Thixo, ndiba yindoda endala, kwaye naku ndilapha. Ndilwile. Ndikhwazile. Ndibongozile. Kwaye yonke into endiyifumanayo lunyeliso olukhulu."

183 Nantoni na, makathi umntu atsho into embi malunga nawe, "Owu, umqengqeleki ongcwele omdala," into efana naleya.

184 Ndacinga malunga nokuya. Laza iZwi leza kum, lathi, "Wona lo madoda alungile ukuba ayakwenza okuya, kodwa andizange ndakubizela ukuba wenze okuya. Ndakubizela ukuba uthabathe iKrele uze ume phaya njengoYoshuwa uze ucele umngeni, mzalwana. Hayi ukubhanxa kunye nembutho endala okanye umbutho webandla elithile, kodwa cela umngeni umtyholi. Yima ngaphambili, wenze okulungileyo lungileyo, nokungalunganga okungalunganga. Shumayela iLizwi uze ufumanise ngubani onokholo lokuLikholelwa. Libeke phaya."

185 Ndaba nokukhawulezisa kulamoto, lonke ixesha, ndihlamba. Ndathi, "Enkosi, Nkosi. Enkosi, Nkosi." Ndeva mnandi ngoko. "Konke kulungile, Nkosi, ndiyakulibamba ngokuqinisa, kwaye ndifuna ukufa naLo esandleni sam."

> . . . ngubani e*ndino*kumazisa *imfundiso?* (Phulaphulani.)
>
> . . . *izithebe zizele ngumhlanzo* . . .
>
> . . . *bona abo balunyulweyo elubisini, kwaye basuswa emabeleni.*

Ngoku qaphela.

> *Kuba ummiselo phezu—phezu kommiselo, ummiselo phezu kommiselo;* . . . *umgca phezu komgca; intwana apha, nentwana phaya:*
>
> *Kuba Ndiyakuthetha ngemilebe ethintithayo* nangalwimi *zimbi kwaba bantu.*
>
> *Kubo abo kuthiwe, Lena yi*sabatha kuyo leyo eniya*kuphumza abadiniweyo;* . . . *lena yindawo yokunyhamnyheka: basuka abavuma ukuva.*
>
> Kuba *ilizwi lika*Y*EHOVA* *leza kubo* (Umntu othile waLishumayela.) *ummiselo phezu kommiselo,* . . . *phezu kommiselo; umgca phezu komgca,* . . . *phezu komgca; intwana apha, kunye nentwana phaya; ukuze baye, baze bawe ngomva, baphuke, barhintyelwe, babanjiswe.*

186 Yintoni uPhumlo? Luze nini uPhumlo? Xana abantu bathetha ngezinye iilwimi baza banemilebe ethintithayo. Imilebe ethintithayo; abazange bathethe nto. Bathintitha. Kwenzeka nini okuya? NgoMhla wePentekoste, xana uMoya oyiNgcwele wazayo. Oluya luPhumlo: uMoya oyiNgcwele. Wathi

uYesu, "Yizani kuM, nonke nina nisindwayo nibulalekayo ngumthwalo, kwaye Ndiyakuninika uPhumlo. Ndiyakuninika uBomi, uBomi obunguNaphakade," *Zoe*, uBomi bukaThixo. UThixo uyakuza kuwe aze abe yinxalenye yakho. Uyakukunika uzalo aze akwenze unyana nentombi.

187 Ngoku qaphela. Elo yayiluphumlo lwesithathu Awalunikayo. Olokuqala: UThixo walwamnkela, kumsebenzi Wakhe. Olwesibini: uSirayeli walwamnkela, emthethweni. Olwesithathu: iBandla lwalamnkela Lona, njengenxalenye kaThixo.

188 Isithathu linani lobomi. Bangaphi abakwaziyo oko? Lonke ixesha ubona isithathu, bubomi. Qaphela, xana uThixo wadala umhlaba, kusuku lwesithathu yayibubomi. Bangaphi abakwaziyo oko? Usuku lwesithathu. Kwabakho ubomi kusuku lwesithathu lokudala.

Itriniti: uBawo wayengasentla kwabantu, kwiNtsika yoMlilo; uNyana waye enguMntu, Owathetha ebantwini waza wabenza balungela; uMoya oyiNgcwele wayelinyathelo lesithathu, ntoleyo yayinguMoya oyiNgcwele, uThixo ebantwini. UBomi! Yise, Nyana . . .

Uphumlo, lukaThixo; uphumlo, lukaSirayeli; kunye noPhumlo, lweBandla, ukugcina isabatha.

189 Ke, ukuba akuzange wamnkela uMoya oyiNgcwele, okwakalokunje, akuzange wangena kuPhumlo lukaThixo. Akudingeki uthi, "Owu, andibanga nakho. Ndifuna ukutshaya. A—andibanganakho nje ukuyenza; ndingumKristu. Ngenene andifuni kusela, kodwa ndingumKristu. Andinakho nje, andifuni kusela, kodwa noko ndiyakuthanda."

190 Ukuba ukhanuka abafazi, ukuba wenza zonke ezi zinto zingenabuthixo, akuzange ufike kwelaxesha loPhumlo. Akuzange wangena ekuPhumleni kwakho.

191 Kwaye xana ungena koku kuPhumla, uyayeka kwimisebenzi yakho yobuhlabathi, njengoko uThixo wenzayo kweYakhe. Kutheni? Uyinxalenye kaThixo. Uyaphumla, ngoNaphakade. Nantso ke. Leyo yiSabatha. "Yizani kuM, nonke nina basindwayo."

> Namhla, *u*beke *usuku oluthile,. . .emveni kwexesha elide*, kuDavide;. . .xana ni*siva izwi lakhe, musani ukuzenza lukhuni iintliziyo zenu.*

192 Nje ilizwi okanye amabini ngaphezulu apha ngoku, siyakuvala.

> *Kuba lowo ungenileyo ekuphumleni kukaKristu,. . .*

> *Yizani kum, nonke nina nibulalekayo kwaye. . . nisindwayo ngumthwalo . . .*

> . . .ni*yekile kwimisebenzi* yenu*, njengoko uThixo wenzayo kweyakhe,* ngomhla wesixhenxe.

Eyenu ingaba kumnyaka wamashumi amathathu, kumnyaka wamashumi amane, kumnyaka wamashumi amahlanu, nantoni na eyiyo. Uphumlile kwimisebenzi yakho, njengoko uThixo wenzayo kweYakhe, ngoNaphakade. Akusazifuni izinto zehlabathi. Ihlabathi lifile kuwe.

193 Ngoku, umqolo we-11 ngoku, ngokusondeleyo.

> *Masikhuthalele ngoko ukungena koko kuphumla, (*hayi lona *olu, hayi* lona *olu kodwa* lona *Olu), hleze ubani eyele kwakulomzekelo wokungakholwa.*

194 Yintoni? INtsika yoMlilo ilapha. INgelosi yeNkosi ikunye nathi. Yenza kwa ezo zinto zikwazinye Awathi Uyakuzenza. Kwaye abantu bayakhubeka, bathi, "Owu, kulungile, ndiyaqikelela yonke ilungile. Kuhlana okuya. Owu, ndiyaqinkelela kulungile." Lumkela ukuba ungaweli kumgibe okwamnye wokungakholwa. Yithathe Yona ngentliziyo yakho yonke.

195 Qaphela.

> *Kuba ilizwi likaThixo* (hayi imfundiso yecawa), i*lizwi likaThixo liya*khawuleza*, linamandla* kakhulu*, . . . libukhali kakhulu ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini,* (phulaphula), lihlaba liphumele *kwa . . . lahlule umphefumlo, umoya, . . . amalungu kwanomongo, kwaye . . .* (phulaphula), *kwaye lingumcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo.*

Ibiyintoni okuya? UMoya oyiNgcwele ungeza uze uthi "Wenze into *ethile-thile*. kwaye wenze *oku* kwaye wenze n*okuya*. Uno*lu*hlobo lwesifo, n*okuya*. Ukuba uyakulungisa *oku*, uyakwenza *okuya*." Yabona? Umcaluli weengcingane.

196 Kwaye abantu bathi, "Yintoni okuya? Kutheni, lufundo lwengqondo. Kutheni, iyi . . . Ungumvumisi." Yabona endikuthethayo? Lelikhohlakeleyo, elidala elikrexezayo ihlabathi elingamaziyo uThixo.

197 "Liyakhawuleza, cinga, linamandla kakhulu kunekrele elintlangothi-mbini, kwaye lingumcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo."

Ngoku, yintoni leyo eyazi izicamango zentliziyo? Thixo. Wena uthe, "Kuhle, iBhayibhile ithe, 'ILizwi likaThixo.'" ILizwi likaThixo nguThixo.

> *Ekuqalekeni ubekho uLizwi, . . . uLizwi ebekuThixo, kwaye uLizwi ubenguye uThixo.*

> *Kwaye uLizwi wenziwa inyama, waze wahlala phakathi kwethu, . . .*

198 UThixo ucalula iingcingane. u-Abraham wayenomhlana wakhe uguqukele, kwaye—kwaye wenza kwanjalo uThixo enomhlana Wakhe uguqukele ententeni. Kwaye uSarah wahleka. Waza uThixo waguquka, wathi, "Yintoni eyenza uSarah ahleke?" UMcaluli weengcingane zentliziyo! Ndifuna okuya kumanzise kancikane.

199 Emva koko xana olwa hlobo lolungiselelo luvuka, athe uThixo waluthembisa ngomhla wokugqibela, kwenzeke ntoni? "Ufundo lwengqondo."

200 Ingaba abayibizanga iNkosi, Buqu, "Bhelezabhule"? Wathi, "Ukuba bayibiza iNkosi yendlu 'Bhelezabhule,' kukangakanani ukuba ngaphezulu abayakubiza abafundi baYo?"

201 Ndiyanithanda. Ibonakalisa ukuba ninomdla ngokwaneleyo, akudingeki ukuba nize kwesinesipholisi-moya isakhiwo ukuze nive iVangeli. Nilambe ngokwaneleyo ukuba nize kwindawo enjangalena. UThixo ebengasayi kusivumela sakhe nantoni kuphela oku. Siyithanda ngale ndlela. Nje elincinci elidala ityotyombe, kodwa leyo yindlela esiyithanda ngayo. UThixo akahlali kubunewunewu. UThixo uhlala entobekweni. Siyithanda ngoluhlobo. Siyavuya ukuza, kwaye nani, ngokwenu, ukuhlala kwi—kwindawo efana nale. Akukhathaliseki ishushu kangakanani, ubila kangakanani kwisuti yakho entsha, ilokhwe yakho entsha, oko akwenzi namnye umahluko.

Uphulaphula kuBomi obunguNaphakade, kwiLizwi likaThixo elazi iingcinga zentliziyo yakho. INtsika yoMlilo eyandanda phezu kwabantwana bakaSirayeli, indanda apha ngobu busuku. Ndingayicela umngeni: akukho ndoda enokuma apha phantsi kwamandla kaMoya oyiNgcwele ngaphandle koThixo ayichithe nje ngokuphandle aze ayixelele into ebe iyiyo. Injalo lonto. Nantso ke.

202 Yintoni Yona? Yintoni Yona? NguMoya okwamnye owakhokelela aBantwana bakaSirayeli kuphumlo lwabo, kwaye bawa ngenxa yokungakholwa kwabo. Musani ukuwa. Eli lithuba lokugqibela. Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, uBomi buza busuka phaya.

203 Ugwetyelo, uMartin Luther, isesisimo senkolo. Ungcwaliseko. . . uMartin Luther; uJohn Wesley; ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, uBomi. Ugwetyelo, kukukholwa; ungcwaliseko, kukucocwa; uMoya oyiNgcwele, kukuzaliswa, uBomi. Hayi ngesigaba sobuLutere; babenaWo ukwisimo. Hayi ngesigaba sikaWesley; BabenaWo ukwisimo. Kodwa esi sisigaba xana uMoya oyiNgcwele usiza, Buqu.

204 Kwaye ukuba akukawamnkeli Wona, wenza njani, ungayikholelwa na imimangaliso? Oko kuthabatha uThixo, kuwe, ukukholwa. Wenza ngokufana noThixo. Wazi ngokufana noThixo. Ucinga ngokufana noThixo. IBhayibhile yatsho ukuba

wena ungomncinci, omncinci "uthixo." Watsho njalo uYesu. Kuba, nina ninyinxalenye kaThixo.

Nje okukwakunye njengoko ndinguBranham omncinci, kwaye ungomncinci nokuba ngubani onguye, kwaye ngokuba abazali bakho lela gama. Isimo sokuba unguye kungokuba abazali bakho bangala ndlela, kuba wazalwana ngabo.

Kwaye isizathu sokuba nikholelwa uThixo, kwaye nikholelwa imimangaliso, nemiqondiso nezimanga, ngokuba ningoonyana neentombi zikaThixo. Namnkele uBomi. UBomi buza kwisithathu. Kulungile.

205 Xana uYesu wenyukela entabeni, yonke indawo Awaya kuyo, Wathabatha uPetros, uYakobi noYohane, amangqina amathathu. Isithathu linani loBomi. Niyayifumana? Uthando, uvuyo, uxolo.

206 Ngoku, masiye ngokukhawuleza ngoku esiphelweni sesahluko, ngokukhawuleza, njengoko sifunda.

> *Kuba ilizwi likaThixo* liyakhwawuleza*, linamandla* kakhulu . . . *kunekrele elintlangothi-mbini, . . . kwaye* licalula kwa*nezicamango zentliziyo.*

> *Akukho nasinye isidalwa esinga*bonakaliswayo *emehlweni akhe: kodwa zonke izinto zi . . . zityhilekile emehlweni alowo esinokuthana ni naye.*

207 Mzalwana, akukho mpukane enokuthicakatha epalini phaya, ngaphandleni Kwakhe ayazi. "Zonke izinto zityhilekile." Mzalwana, Yena wazi yonke into owakhe wayenza, yonke ingcinga owakhe wayicinga. Yilonto Yena ayiyo. Simkholelwa Yena ngolwahlobo.

Kwaye xana uThixo esiza kuthi, aze asibeke thina eBandleni, Ubeka izipho nezinto eBandleni, ukusebenza iSiqu Sakhe. Ukuba uThixo ungula Thixo ungenasiphelo, ngoko Uphilisa abagulayo. Angavusa abafileyo. Angacoca abaneqheqa, enze iimfama zibone. Anganika ukubona. Angenza zonke iintlobo zezi zinto, esebenza ngeBandla Lakhe, ngokuba nguThixo kuni. Nalo iBandla.

208 Kwenzeka njani ukuba elabandla libe liBandla, ngokujoyina Lona? Hayi, mhlekazi. Ngokuxhawula izandla? Hayi, mhlekazi. Ngobhaptizo lwamanzi? Hayi, mhlekazi. Ngobulungu? Hayi mhlekazi. ULifumana njani? "NgaMoya mnye sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye." Nantso ke.

209 AmaRoma 8:1.

> *Ngoko ke akusekho kugwetywa . . .*

"Akukho kugwetywa lihlabathi." Abanakukutyhola nangayiphi into.

> *Akukho . . . kugwetywa kwabo bakuKristu Yesu, abangahambiyo ngokwenyama, kodwa abahamba ngokoMoya.*

210 Nantso ke. Leyo yindlela yokugweba ubuKristu benu. Leyo yindlela enazi ngayo ningene kolwaPhumlo, ihlabathi alisakukhathazi. Ngokuqinisekileyo. Uyalibona, hambela kude kulo. Unento engcono yokuyicinga ngayo. Nantso ke, "Akukho kugwetywa." Leyo yindlela esingena ngayo kuMzimba.

211 Kwaye ukhuselekile, "Ngonaphakade." IBhayibhile yatsho njalo. Jonga ngapha kumaHebhere, isahluko se-10. Wathi:

> Kuba apho kukho iminikelo yeenkunzi zeenkomo kunye namadini, *inkumbulo ye*sono yayi*senziwa iminyaka ngeminyaka*.
>
> *Kodwa le ndoda,* . . . nged*ini elinye* . . .

Malisikelelwe iGama Lakhe elingcwele!

> *Kuba* ngedini *elinye wasigqibelelisa naphakade* . . .

212 Haleluya! Hayi ukwenzela imvuselelo elandelayo, kodwa *naphakade*. "Izinto ezindala zidlulile; kwaye zonke izinto ziye zabantsha." Sihamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle. Iintaka zicula hlukileyo.

213 Sihleli apha, sijonge kweli nxila lincinci, malunga neminyaka emihlanu eyagqithayo, ndiyaqikelela. URosela, amehlo amakhulu aqhwanyazayo, ehamba esehla ngezitrato zaseChicago, enxilile, ebhinyalaza, esiya kulo lonke uhlobo lwesono olwalukho, enxilile kwaye yonke into awayenokuba yiyo. Kwaye ngobunye ubusuku, uMoya oyiNgcwele, okhawulezayo kwaye unamandla kakhulu kunekrele elintlangothi-mbini, wathi, "Mfazi, ulinxila." Haleluya! Ukuba lowo ayingoThixo okwamnye owayesemva ngaphaya, owayazi ukuba uSarah wahleka emva Kwakhe, andiyazi Ngubani.

214 Phezulu esihlweleni komnye umfazi omcinci. Waya waza wafumana, waza wayizisa phaya. Wathi, "Uyingendle yeziyobisi." Indlela Awacalula ngayo iingcinga zengqondo!

215 Kwaye izikhulu ezikhulu zezihandiba zabalungiseleli zihleli phaya, ezinobuvangeli bukazwe-lonke, kunye nezandla zazo zisongelwe ngasemva, kwizikipa, zicinga ukuba asizazi, njengokuba zazinokuhlala phantsi komhlangano ngolwahlobo aze uThixo angabinakho ukutyhila yayingobani. Zihleli phaya, zikhangeleka hlukileyo, ngokungathi zazingabantu abangabanye. UMoya oyiNgcwele wazazi yayingobani. Kwaye zahlala phaya, ezintliziyweni zabo, zicinga ukuba Yayilufundo lwengqondo. Zingazi ngakumbi malunga noThixo kunoNoqhakancu ebeyakwazi malunga nobusuku baseYiphutha. Injalo lonto. Ziyazi Yona ngombhalo, kodwa hayi ngoMoya. "Umbhalo uyabulala, kodwa uMoya udlisa uBomi." Nantso ke. Nantso imbono. "Liyakhawuleza, limandla kakhulu kunekrele elintlangothi-mbini, uMcaluli weengcingane zentliziyo."

216 Phulaphulani. Qaphelani.

*Akukho sidalwa esinga*bonakaliswanga *emehlweni akhe: kodwa zonke izinto zize kwaye* zityhilekile phambi *kwamehlo* akhe*. . . lowo esinokuthana ni* naye.

*Ekubeni ngoko sinombingeleli omkhulu . . .* (Phulaphula ngoku; kwabagulayo.) *. . . othe* wa*canda emazulwini, uYesu uNyana kaThixo, masilubambe* uvumo *lwethu.*

217 "Lubambe," oko akuthethi nje ukuqhubeka uvuma. Ukuba akubuphili ubomi, akulubambanga; uphila into yobuhanahanisi. Uyi . . . Kungcono ube ngophumileyo uze utsho nje ukuba ungumoni uze ulibale malunga nayo. Sukubanga ubuKristu, uphile into engenye; usisikhubekiso esikhulu ihlabathi elakhe lanaso. Ukuba ungumoni, yivume uze, uqhubeke, ulungise noThixo. Ukuba ungumKristu, lubambe uvumo lwakho, hlala phaya.

218 Qaphela oku ngoku. Ndifuna ukungenisa oku nje phambi kokuba sihambe.

*Kuba asinambingeleli mkhulu ongenakho ukuvelana nezilwelwe zethu; kodwa sinowahendwayo ngeento zonke ngokufana . . . nathi, engenasono noko.*

Phulaphulani.

*Masisondele ke ngoko sinokungafihlisi* kuyo *itrone yobabalo, ukuze* sibe *nokwamnkela inceba, sifumane ubabalo* no*sizo ngexesha lesidingo.*

Malisikelelwe iGama likaThixo!

219 Phulaphula mBhaptizi, mRhabe, mLutere. Uzakundibuza lo mbuzo, "u-Abraham wakholelwa uThixo, kwaze oko kwabalelwa kuye ngobulungisa." Ndiyayazi. Kulapho usoloko usiya khona. Leyo yinyaniso. "Yintoni engakumbi umntu anokuyenza kuphela ukukholelwa uThixo?" Oko kunjalo ngqo. Kuko konke anokwenza. Kodwa xana uThixo eluthathalela ingqalelo olwakholo, Yena ukunika uMoya oyiNgcwele.

220 "Ngoku yintoni endiyenzayo, Mzalwana uBranham? Ingaba ndiyakhwaza?" Hayi ncakasana. "Ingaba ndithetha ngeelwimi?" Hayi ncakasana. Ungakhwaza kwaye uthethe ngeelwimi, zombini, kwaye futhi uphile njenge—ngomhedeni, kwaye futhi usakhanuka abafazi. Ungatshaya kwaye usele, kunye nento yonke engenye. Ndibone abantu bethetha ngeelwimi, baze baphume kanye benze ezimdaka kakhulu, ezobuqhinga izivumelwano endakhe ndazibona. Ndibabonile bona bekhwaza, kwaye bekhala iinyembezi zengwenya, kwaye babenokuba yonke into onokuyifumana. Ndibabonile bephuma, kwaye yonke intombazana ehla ngestrato, ajike. Uh-huh. Lowo ngumqondiso olungileyo wokuba akunawo Wona. Injalo lonto.

221 Kodwa, mzalwana, xana ugqithile ekufeni wangena eBomini, zonke ezo zinto ziyafa, kwaye usisidalwa

esitsha kuKristu Yesu. Ukuba ubona into engalunganga, uyakuthandaza ngayo, "Thixo yiba nenceba." Kwaye ukuba ubona iingxaki, endaweni yokuhamba usiba lilophololopho, kwaye uzama ukuyenza mandundu, uyakuzama ukuya kumntu uze uyilungise, kwaye uyithulise kwamsinya. Lowo nguMoya kaThixo kuwe.

222 Ukuba wenza impazamo? Uvulelekile kuzo. Ukuba wenza impazamo, uyakuyilungisa kwamsinyane. "Sukuvumela ilanga litshone emsindweni wakho." Leyo yindlela owaziyo ngayo udlulile ekufeni wangena eBomini, unothando, uxolo, uvuyo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, ububele, umonde. Sinombingeleli oMkhulu eZulwini, elungele ukwenza izingxengxezo phezu kovumo lwethu. Yintoni? Kuxa uYesu wabuyela emva kuLogos, iNtsika yoMlilo eyakhokela abantwana bakaSirayeli, ehleli eBukhoneni kwaleyo mikhulu, imithombo, umnyama weziKhanyiso owaphumayo, ooMoya abagqibeleleyo abasixhenxe, uMoya ogqibeleleyo wothando.

223 Ngoku qaphela. Kuqala luthando *olugqibeleleyo*, olo luthando lukaThixo, lunyulu kwaye alukrexezwanga. Okulandelyo, kuza phaya, uthando i*phileo*, olo luthando onalo kumfazi wakho nakubantwana bakho. Okulandelayo, amaqabaza emva kokuya, luthando lwe*nkanuko*. Okulandelayo luthando *olungenathixo*. Kwaye nje luhamba luhle de lube *bubumdaka*, nje luqhubeka ekugqwethekeni, lugqwetheka.

224 Kwaye yonke into ethe yaba nesiqalo inesiphelo. Kwaye konke okuya kuyakususwa, kwaye akukho nkumbulo yako, konke konke, kwaye kuze kanye emva kwingqibelelo, ngenye imini. Kwaye indlela ekuphela kwayo... Akunakuma ezantsi apha, embindini wendlela, uze unyukele *apha*. Ufanele ube yonke indlela ungenile, uthembela, uphumle ngokupheleleyo kusindiso athe uYesu Kristu wakunika lona, ngokholo.

225 Kukho uMoya wokunyaniseka oza usuka kuThixo. Lowo ngumthombo, umthombo kaThixo. Oko kukunyanseka. Okulandelayo ngumntu oyakwenza "isenzo esihle" kummelwane wakhe. Okulandelayo ngumfo, "ofanele umqaphele." Okulandelayo ngumfo, "lisela." Okulandelayo ngumfo, "ngumbulali," bambelela. Yabona iyagqwetheka, kanye ukwehla? Kodwa zonke ezo zinto zithetha okwenene.

226 Oko koko endikutshoyo. Lonke ixesha ubona umntu o... Ubona amaqabana amancinci esehla ngestrato, izithandwa, mhlawumbi bangamashumi asibhozo eminyaka ubudala. Ithetha kuphela ukuba eZulwini kukho amaqabana asematsha amele wona, eZulwini. "Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye Phaya."

227 Ukuba ubona indoda elukuhlayo, ebayo, exokayo, khumbula nje, indawo yayo ilindile esihogweni, ukwenzela yona, indawo yakhe apho ayakuthuthunjiswa eBukhoneni bukaThixo kunye

neeNgelosi ezingcwele, ngomlilo nesalfure. Uyakuthuthunjiswa phaya. Hayi ixesha elide, akanakuthuthunjiswa ixesha elide, ixesha elide alithethi konke, lonke ixesha. UNaphakade lixesha lonke, UNaphakade li . . . akanasiqalo okanye siphelo. Kodwa *ixesha elide* si "isithuba sexesha." IBhayibhile yathi, "Xesha elide kunye," isihlanganisi, "xesha elide." UYona wathi wayesembilinini womnenga "ixesha elide." Sisithuba sexesha.

228 Kodwa, jonga, bunye kuphela uBomi obunguNaphakade, kwaye obo nguThixo. Kwaye ukuba uzakuthuthunjiswa naphakade, uze ungabi nakho ukufa, unoBomi obunguNaphakade. Akunakuthuthunjiswa lonke ixesha . . . Ungathuthunjiswa ikhulu lezigidi zeminyaka, eBukhoneni bukaThixo kunye neeNgelosi ezingcwele, ngomlilo nesalfure. Andazi kukade kangakanani ebekelwe kona. Kodwa ekugqibeleni ifanele ifikelele esiphelweni ngokuba ibe nesiqalo. Kwaye uThixo yedwa unoBomi obunguNaphakade. "Lowo uwevayo aMazwi aM, kwaye akholelwe kuLowo owaNdithumayo," akanabomi *bexesha elide*, "unoBomi obunguNaphakade." Oba Bomi obuqale, hayi into *apha*. Kodwa konke ukunyukela Phaya, uBomi obunguNaphakade, *Zoe*, uBomi bukaThixo Buqu buyehla buze buhlale emntwini, kwaye unguNaphakade kunye noThixo, kwaye akanakufa. Yilonto iLizwi likutshiloyo.

229 Cinga nje ngayo. Ingaba kukho uBomi banaNaphakade obubini? Ubungenakho ukukuphendula okuya, ingaba ubunakho? Bunye kuphela uBomi obunguNaphakade, kwaye obo buBomi bukaThixo. Olu olunye uhlobo lobomi, akukhathaliseki luyintoni, bunesiphelo kubo. Kwaye nantoni enesiqalo inesiphelo. Kodwa nantoni engenasiqalo ayinasiphelo. Kwaye uThixo uthe Uyakusinika uBomi obunguNaphakade, ngaphandle kwesiqalo, sasenziwe nje inxalenye Yakhe. Kwaye eneneni uBomi obukuthi, abuzange buziswe apha yimvelo yobuntu. Indalo isinika umoya, kodwa lamoya wafa, kwaye sifumana uMoya kaThixo. Uzuko kuThixo!

230 Ingaba uThixo wayengumntu? Ngokuqinisekileyo. "Masenze umntu ngokomfanekiselo Wethu Thina." Wayeyintoni uThixo? Umzimba welizwi, umzimba. Kwaye phaya umntu wenziwa ngolwahlobo waze wabekwa phezu komyezo. Kodwa kwakungekho mntu wakuwusebenza umhlaba, kwizimvo. Emva koko Wadala umntu ngothuli lomhlaba, kubomi besilwanyana, kwaye la mntu wasebenza umhlaba. Kwaye la mntu wawa, ngesigqitho. Ngokuchanekileyo. Kwaye uThixo, uMzimba welizwi, wehla waze wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu, ukuze ahlangule umntu.

231 Ke asiyonto onokuyenza. Ungumoni, into yokuqala. Ubunjelwe ebugwenxeni. Uzalelwe esonweni, weza emhlabeni uthetha ubuxoki. Wazalelwa apha kweli hlabathi ngomnqweno wesondo likakatata nomama wakho. Kwaye nje ungobheka

esihogweni njengoko unokubanakho, andikhathali ukuba wenzani. Ungabe zange waxoka, weba; wagcina wonke umyalelo, nayo yonke into engenye; kwaye uyakuya esihogweni, njengonongubende ebhokisini yakhe. Kodwa indlela ekuphela kwayo onokuze ubenokuphila kwakhona, kukwamnkela uMoya oyiNgcwele, uBomi obunguNaphakade bukaThixo.

232 Yintoni ekwenze lento uyiyo? Ekuqalekeni, xana uMoya oyiNgcwele wafukama phezu komhlaba, kwakungekho nto kuphela ugqabhuko-dubulo lwevolkheno. Intyatyambo encinci yePasika yavuka. Wathi uThixo, "Okuya kukhangeleka kukuhle. Qhubeka ukufukama." Iintyatyambo zavela. Ingca yavela. Imithi yavela. Iintaka zabhabha ziphuma eluthulini. Izilwanyana zavela. Umntu wavela.

233 Ngoku, yayenziwe njani? Ngokufukama kukaMoya oyiNgcwele, esizisa ezi zinto zidibane, ipotashi, khalsiyam; esenza intyatyambo, esenza izilwanyana, esenza wena.

234 Kwaye ngoku, unokhetho olusimahla. UThixo ufukama emva kuwe, aze athi, "Uyaliva iZwi laM? Musa ukuyenza lukhuni intliziyo yakho, njengakwimihla yengcaphukiso." Nanku Esiza esehla, eshumayela iLizwi.

"IVangeli eyashunyayelwa kubo ayikhange . . . babengenalo ukholo kuYo, ke aYizange libancede." BaLiva, kodwa abazange baLikholelwe.

235 UThixo wehla. Wababonisa iNtsika yoMlilo. Wababonisa ngomprofeti Wakhe, imiqondiso nezimanga, Wayekunye naye. Abazange baLikholelwe. Owu, bathanda ukubona imimangaliso. Bathanda ukuva umprofeti. Kodwa malunga nokukholwa Lona, abazange. Ubomi babo babonakalisa abazange.

236 "Ngoku," Wathi, "sanukuwela emva kwala mzekelo mnye wokungakholwa." Kuba kulo mhla, kwibandla leNtlanga, uThixo ubonakele kwakhona; umqondiso okwamnye, isimanga esikwasinye, iNtsika yoMlilo ekwanye, ingqinelwe, ibonakalisiwe. Masingazenzi lukhuni iintliziyo zethu size siwele kokwakuhendwa emva ngaphaya, kokungakholwa, Kuba siyakubolela emhlabeni kwaye oko iyakuba kuko konke.

237 Kwaye xana uMoya oyiNgcwele unkqonkqoza entliziyweni yakho, [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.] "Emveni kwexesha elide, xana nithe naliva iZwi laM, musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu." Isithi, "Mntwana waM, lena yiNyaniso." Musa ukujonga kumthunywa. Phulaphula uMyalezo. Kholelwa Wona. "Musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu, njengakwimihla yengcaphukiso."

238 Xana eliva iZwi Lakho, "Musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu." Emva koko uthi, "Ewe, Nkosi, ndiyakholwa." Emva koko ungena eBomini, uMoya oyiNgcwele uza kuwe. Umoya wakho omdala uyafa, lowo ukwenza ukhanuke kwaye

uthiye, kunye nolunya nobutshaba, kunye—nentiyo nazo zonke ezo zinto, zifile. Kwaye uyazala luthando, uvuyo, uxolo, ukuphumla. Akukhathaliseki ibhudla kangakanani imimoya, konke kulungile.

> I-ankile yam ibambile ngaphakathi kwekhuselo.
> Kuzo eziphakamileyo inqwithelo ezivuthuzayo,
> I-ankile yam ibambile ngaphakathi kwekhuselo.
>
> Kuba kuKristu, iLiwa eliqinileyo, ndimile;
> Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

239 Nantso ke. U-Eddie Perronet, njengoko wabhala la ngoma edumileyo. Yonke eminye imihlaba, onke amahlelo, zonke imvumo nkolo, zonke iimfundiso, ziyanyamalala. UKristu!

Uthi, "Kuhle, ndiyayazi iBhayibhile." AkunaBomi ngokwazi iBhayibhile.

"Ndiyayazi ikhathekizim yam." AkunaBomi ngokwazi ikhathekizim.

"Kulungile, ndingumKristu." AkunaBomi ngokuzibiza umKristu.

240 UnoBomi ngokwazi Yena. Ukwazi Yena, unoBomi. "Ngoko ungenile ekuPhumleni Kwakhe. Uyiyekile imisebenzi yakho, njengoko uThixo wenzayo kweYakhe." Wenziwe unyana kaThixo, idlelana noThixo. Kwaye ukuba la—ukuba laMoya oyiNgcwele uyabiza kuwe, uze wena ubize emva uthi, "Ewe, Nkosi," okanye wenze isandi.

241 Khuu, "Yizani kuM, nonke nina nisindwayo nibulalekayo. Ndiyakuninika ukuPhumla."

242 Uze uthi, "Aha, ndisemtsha. Ndine…Owu, umalusi wam aka…Konke endimele kukwenza…" Yabona? Akusokuze uWufumane.

243 Kodwa xana usithi, "Ewe, Nkosi yam. Ndiyaliva iZwi Lakho. Andiyenzi lukhuni intliziyo yam. Andikhathali, Nkosi, LiLizwi lakho kwaye ndiyalikholelwa Lona. Ndithabathe, Yesu, 'Njengoko ndinjalo, ngaphandle kokucenga, kodwa iGazi Lakho laphalazwa ngenxa yam. Kwaye phaya ndiyakuthembisa, "Ndiyakukholwa." Owu Mvana kaThixo, ndiyeza.'" Beka izandla zakho phezu kwentloko Yakhe efayo, uthi, "Nkosi, ndingumoni, kwaye Wena undibizile."

244 "Bonke athe uBawo waNdinika bayakuza kuM, kwaye ndiyakumvusa ngemihla yokugqibela."

245 "Ewe, Nkosi, ndiyeza. Andiyenzi lukhuni intliziyo yam, njengoko benzayo engcaphukisweni, ndiyakholwa ngenyaniso."

246 Ngoko yintoni Ayenzayo? Ukunika uBomi Bakhe, *Zoe*, uBomi obunguNaphakade. Kwaye ukuba uThixo angasivusa eluthulini lomhlaba, apho sisuka khona... Ingaba sisuka eluthulini? Yonke into oyibonayo, isuka eluthulini. Kwaye ukuba uThixo angandenza oko ndikuko namhlanje, ngaphandle kokuba nalunye ukhetho; nje kuba umnqweno Wakhe yayikukundenza, kwaye andinike ithuba lokujongana neKhalvari ukuze ndithabathe isigqibo sam; kwaye ndasenza isigqibo sam ndaza ndakholwa kuYe; kukangakanani ngaphezulu Ayakundivusa! Ukuba Yena wandenza oko ndikuko, ngaphandle ngokukhetha, ngoko ndithabatha ukhetho kwaye ndithabathela Yena ngaphakathi; xana Yena wabeka izandla Zakhe ngoKwakhe, waza wafunga ngokunoKwakhe, ukuba Uyakundivusa ngomhla wokugqibela. Ndiqinisekile.

247 NdinoPhumlo, hayi ngokuba ndinqula ngeCawa, hayi ngokuba ndinqula ngesabatha. Oko akunanto yakwenza nayo. Ndinqula ngokuba ndingene kuxolo Lwakhe noPhumlo: uxolo, uphumlo, uthando, uvuyo. Mazibhabhe inqwithelo; i-ankile yam ibambile.

248 Ingaba unawo loo mava, ngobu busuku, sihlobo sam esihleli apha kulona ushushu umnquba? Anizanga kuva mna. Hayi. Nize ukuza kuva iLizwi. Phulaphula, sihlobo sam.

249 Ngoku ukuba aninalo olwaPhumlo, ningalufumana Lona kanye ngoku. Akudingeki uze apha esiguqweni. Hlala kanye apho ukhoyo. Nyaniseka, uze uthi, "Kristu, thetha nje entliziyweni yam. Ndiyayazi kushushu. Ndi—ndiligwebu nje, kukubila. Ndimbi kakhulu. Kodwa, Nkosi, ngenyaniso, ndingabe ndibilile yintlungu, engakumbi kunoku, ngaphambi kwentsasa."

kwaye ugqirha angahluguzelisa intloko yakhe, athi, "Luhlaselo lwentliziyo. Umkile." Iyakuba yintoni ngoko?

250 Iyakuba yintoni ngoko? Xana iNcwadi enkulu ivuliwe, yintoni emva koko? Niyivile la ngoma, *Iyakuba Yintoni Ngoko*? "Xana abo bawalileyo uMyalezo, bayakufunwa isizathu, iyakuba yintoni ngoko?" Iyakuba yintoni ngoko? Cinga ngayo ngoku, ngokunzulu kakhulu.

251 Ngelixa sithobise intloko yethu, cinga ngayo.

> Xana lowo uwalayo loMyalezo ngobu busuku,
> Ezakubuzwa isizathu, iyakuba yintoni ngoko?
>
> Iyakuba yintoni ngoko? Iyakuba yintoni ngoko?
> Xana iNcwadi enkulu ivuliwe, iyakuba yintoni ngoko?
> Xana abo bawalayo loMyalezo ngobu busuku,
> Uzakufunwa ukuba unike isizathu, iyakuba yintoni ngoko?

252 Bawo waseZulwini, oku konke kuse zandleni Zakho ngoku. Nantsi iSabatha enyanisekileyo ibekwe phambi kwabantu. Nantsi iNgelosi kaThixo, okwaleminyaka embalwa yokugqibela, ihlokomisile kwihlabathi jikelele. Abagxeki nayo yonke into engenye, bazamile ukuYohlwaya. Kodwa, ngalo loke ixesha, Wena uzibonakalisile isiqu Sakho ukuba unguThixo.

253 Ihlabathi lenzululwazi, ibandla lehlabathi; ingaba bamfamekile, Nkosi? Mhlawumbi kukho omnye apha ngobu busuku ongathanda ukwamnkela ukubona kwakhe, ukuhamba, kwaye angalingi uThixo, njengakwimihla yengcaphukiso; hayi ukuzama ukulinga Yena, ngokuba ngolungileyo ngeCawa, okanye ukugcina umhla othile, okanye kwimvumo nkolo ethile, okanye ukuba ngowecawa ethile. Kodwa ongathanda ukuza aze oluswe, ngentliziyo, aze amnkele uMoya oyiNgcwele. Kwaye bayamfuna Yena. Ngokholo ngoku, bazama ukwamnkela Yena entliziyweni yabo. Bazama ukufumana ubabalo ngaWe, Nkosi.

254 Owu, bangabe bathethe ngeelwimi. Bangabe bakhwazile. Basenephuku elikwalinye elidala. Basenolunya olukwalunye oludala. Basengamalopholopho kwaye bethetha, kwaye besenza izinto abangafanelanga bazenze. Abakufuni okuya, iNkosi. Iyakuba yintoni ngoko, xana laNcwadi inkulu ivuliwe, eyathi, "Abanjalo abayi kungena eBukumkanini"? "Yibani ngabagqibeleleyo ngoko, kwanjengoko uBawo wenu eZulwini egqibelele." Nantoni na engeneno ayisayi kungena. Ingaba bathembele ngempela, ngobu busuku, ekubethelelweni? Ukuba akunjalo, Nkosi, yanga bangenza lowa unguNaphakade u "ewe" kanye ngoku.

255 Bathi, "Nkosi, ndi . . . Akukho mvakalelo, kodwa ndiyeva ngokuvakalelwa Into ethile ezantsi entliziyweni yam, ukuba Into ethile iyandixelela, 'Ndingayenza kanye ngoku, ngobabalo Lwakho.' Kwaye ngoku ndamnkela Wena njengoMsindisi wam. Ndiya—ndiyazala zonke izinto zehlabathi, kwaye ndifuna ukungena ekuPhumleni Kwakho. Kwaye ndiyakholwa ndiyakwenza kanye ngoku. Ndikholelwa ukuba uMoya oyiNgcwele undizisa kulandawo ilungileyo."

256 Ngelixa yonke intloko iqutyudiwe. Ingaba kukho nabani ovakalelwa ngala ndlela kanye ngoku? Phakamisa isandla sakho, "UMoya oyiNgcwele ngoku undizisa kwindawo apho ndingayi kupholoza kwakhona." UThixo akusikelele. "Andisayi kuzenza ezi zinto. Iphuku lam limkile. Ndingaphila ngoxolo novuyo nokuzeka kade umsindo, ukusuka kanye ngoku. Ndiyakholwa uThixo uthetha nam kanye ngoku, okokuba ndingayenza ukusukela kule yure ukuqhubeka, ngobabalo Lwakhe." Ningaphamisa izandla zenu? UThixo anisikelele. UThixo akusikelele nenekazi eliselitsha. Omnye ongomnye? "Ndiyakholwa ngoku."

257 Musani ukumlinga Yena, njengakumhla wengcaphukiso.

Musani ukucinga ngokuba sisiya ecaweni ngeCawa, okanye sigcina isabatha. UPawulos wathi, “Nina nigcina imihla okanye iinyanga, okanye nanjalo njalo, ndiyanoyikela. Umthetho unesithunzi nje sodwa sezinto ezilungileyo ezizakubakho, kwaye ingenguwo ngqo umfanekiso wento, awunakwenza umnquli agqibelele.” Kodwa uKristu ukwenza ugqibelele, ugqibelele emehlweni kaThixo. Ususa isono sakho, ususa ukugwetywa kuwe, akunike uthando novuyo Lakhe.

258 Ungangena kuPhumlo ngoku? Omnye ongomnye angaphakamisa isandla sakhe, athi, “Ndikwenzile okuya.” UThixo akusikelele, nenekazi eliselitsha, ngapha ngasekunxele kwam. UThixo asikelele indoda ehleli ngasekunene kwam. Ukungena ekuPhumleni Kwakhe, yicinge nje ngoku.

259 Thandaza, “Njengoko ndinjalo, Nkosi, kungekho nakunye ukutarhuzisa; andilunganga. Akukho nto endingayinikeza kuWe, kuphela nje bobudala, obudubekileyo, ubomi besono. Ungandamnkela na mna? Coca? Khulula? Ngokuba, ndiyathembisa ndiyakukholwa. Owu Mvana kaThixo, ndiyeza. Ndiyeza ngoku, ndikholelwa ngoku ukuba ndigqithe ekufeni ndangena eBomini. Ngokuba, kanye apha esihlwalweni sam, ndamnkele Wena njengoMsindisi wam kwaye ndiva uxolo entliziyweni yam.”

260 Abahlanu baphakamise izandla zabo. Ingaba omnye, ova ngala ndlela, phakamisa isandla sakho? Ukuba akunguye umKristu, mamnkele Yena kanye ngoku.

261 Ukuba uzibiza umKristu kwaye ube ungakhange ube lolwahlobo, usengumoni, akukhathaliseki bobunjani ubomi o—obenzileyo, okanye uzama kangakanani ukuzena wena. Oko ukwenzayo akwamnkelekanga. Koko Yena akwenzileyo. Ubulungisa bakho abusayi kwamnkeleka. Ukuba uyeka ukutshaya nje ngexa yokuba uthe, “Kuhle, kungcono ndiyeke ukutshaya ngokuba ndizibiza umKristu,” uThixo akamnkeli lonto. Ukuba uyeka ukukhanuka abafazi, ngenxa yokuba uzenza ukwenze, uThixo akakwamnkeli oko. Leyo yinto oyenzayo. Leyo yimisebenzi. Lubabalo olukusindisayo. Ingaba uThixo uzile kuwe aze athabathe akhuphe yonke into kuwe? Leyo yinto elandelayo.

262 Uthi, “ndijoyine icawa, kwaye ke kufuneka ndiziyeke ezi zinto.” UThixo akamnkeli okuya, akukhonto onokuyinikeza. Yena wamnkela kuphela oko uKristu akunikezayo. Ukunika uBomi obunguNaphakade, kwaye wazisusa kuwe. Ungabamnkela na Bona?

. . . ngaphandle esaqhwithini, solwandle olundlongondlongo,

Yiza, ankila umphefumlo wakho kwikhusi loPhumlo,
Kwaye uthi, "Othandekayo wam ngowam."

Ndi ankile umphefumlo wam . . .

Kulungile, ningaphakamisa intloko yenu. Umyalezo ugqithile ngoku. Masinquleni nje ngoku.

Andisayi kuhamba ngesikhephe kulwandle olundlongondlongo kwakhona;
Uqhwithelo lungatshayela kubundlongondlongo, isaqhwithi esinzulu,
KuYesu ndikhuselekile naphakade.

263 Wonke ubani ngoku, ekunquleni.

Ndi ankile umphefumlo wam kwikhusi loPhumlo, (ISabatha)
Andisayi kuhamba ngesikhephe kulwandle olundlongondlongo kwakhona;
Uqhwithelo lungatshayela kubundlongondlongo, isaqhwithi esinzulu,
KuYesu ndikhuseleke naphakade.

Khanya kum, . . .

Ziyekelele nje. Vala amehlo akho. Uyawuva laMoya umnandi? Olo lunqulo. Umyalezo uphelile. Olu lunqulo.

Yenza ukuKhanya okusuka kwindlu yesibane seenqanawa kukhanye kum,
Owu khanya kum, Owu Nkosi, khanya kum,
Owu yenza ukuKhanya okusuka kwindlu yesibane seenqanawa kukhanye kum.

264 Bangaphi abaziva kamnandi ngenene? Phakamisani isandla senu. Kumnandi oko, umoya othobekileyo, yiLonto.

Ukufana noYesu, nje ukufana noYesu,
Emhlabeni ndilangazelela ukufana naYe;
Konke ngendlela yobomi ukusuka emhlabeni ukuya eLuzukweni,
Kuphela endikucelayo kukufana . . .

Nqulani nje.

